# *UKUNGQINELA ILIZWI LAKHE*

Masithobiseni iintloko zethu okomzuzwana nje. Bawo waseZulwini othandekayo, sinombulelo ngokuba silapha ngobubusuku. Thina, sinombulelo kuba sisazi ukuba uBukho Bakho bulapha kunye nathi. Ngoku siyathandaza ukuba Ulungiselele kuye ngamnye wethu, njengoko sinesidingo. Sikucela eGameni likaYesu. Amen. (Hlala phantsi.)

Ndiziva ndilungile ukuba nale miboko iphila. Ndibe lusizi kakhulu ngokuyiphazamisa loo nto izolo, uMyalezo ebendifuna ukuba niwufumane kangangoko.

2 Kwaye bendifuna uqiniseke ukuba uyakubona oko. Yi—yi ankile leyo sinayo. Asimiswanga yicawa. Similiselwe kuKristu, uyabona. Nguye kuphela loo Ndlela. Ukukuphela kwendawo yokhuseleko, indawo ekukuphela kwayo uThixo athe walibeka kuyo iGama Lakhe. Kwaye uThixo wathi Uyakuhlangana nabantu kwindawo ayinyulayo ukubeka iGama Lakhe; kungekukho nakuliphi na isango, kodwa kwisango Alenyulayo. Kwaye kuloo ndawo Uyakuhlangana nabantu, kwaye apho kuphela. Kwaye sifumanisa ukuba uThixo akazange alibeke naphina na iGama Lakhe kodwa kuNyana Wakhe, uYesu Kristu, njengoko unyana ehlala ethatha igama likayise.

Kwaye ngoku uthi, "Ke, oko kuthetha ntoni namhlanje? Ngamnye uthi, 'NdikuYesu.'"

3 UliLizwi. Oko, "Ekuqalekeni ube ekho uLizwi, waye uLizwi ekuye uThixo, waye uLizwi enguThixo. ULizwi wenziwa inyama, wahlala phakathi kwethu." Kwakhona, kukwabhaliwe kwiSityhilelo isahluko se-19, xana saMbona esiza, uMtshakazi noMyeni, Isambatho sakhe sithiwe nkxu eGazini, "IGama Lakhe labizwa'ILizwi likaThixo.'" UliLizwi likaThixo.

4 Kwaye, oko, Ungamandla adlisa ubomi. UnguMoya oyiNgcwele ukoko, u—undoqo lowo uza kubuxhakaxhaka, aMazwi, aLenza liphile. Kwaye yonke into kufuneka isebenze kunye, okanye ayinako ukusebenza. Imelwe ithabatha iBhayibhile yonke, uKristu ephela, iVangeli epheleleyo.

5 Ndifuna ukuthi, kweli qela ndiyendalibukela kumabonakude kubusuku bayizolo, ebendisazi ukuba izakuqhubeka, kwaye ndiye ndayibukela. Ndifuna ukuphawula ngaba bazalwana, abo babekwela qela, indlela abathe banobugcisa bokuphendula imibuzo! Kwaye ndingogxeka kakhulu, niyazi, nakanjani na, kodwa bekungekho nto yakugxeka phaya. Ibiyeyoqobo ngenene, kwaye ndingavumelana noko, ikhulu leepesenti. [Ibandla liqhwaba izandla—Mhl.] Enkosi. Amen. Iimpendulo zabo zazichanekile kakuhle. Ngokuqinisekileyo ndiye ndakuxabisa oko.

Bendinqwenela ukuba ndibenomboniso bhanyanya ukubonisa ecaweni yam ekhaya. Bekumnandi ngenene.

6 Kwaye ndinombulelo kakhulu ukwazi ukuba—ukuba uThixo usebenzile nakwamanye amanqanaba, ngaphandle kweqela lethu lePentekoste, kwaye bachonga amadoda, ezo mbewu zikaThixo, ebezihleli phandle phaya yonke le minyaka, zilindele ukuKhanya kukhanye kubo.

7 Kwaye isinika isilumkiso kananjalo, zihlobo, ukwazi ukuba uYesu wathi, "Xana le ntombi ileleyo yaqalisa ukuza kuthenga i-Oli, kwakungexesha awayesiza ngalo uMyeni." Ke sinokubona ngako oko, xana sibona ama-Episcopalian, amaRhabe, amaWisile, amaBhaptizi, amaLuthere, bengena ukuza kufuna i-Oli, ngoko leyo kwakuyiyure awathi weza ngayo uMyeni. Masikukhumbule oko.

8 Andizange ndamva uBilly, unyana wam, ukuba athethe into enjalo kum njengoko enzile kwimizuzwana embalwa edlulileyo. Wathi, "Tata, andikuxeleli ukuba wenze ntoni. Andizami ukuchukumisa nangantoni na, kodwa," wathi, "tata, nantoni na oyenzayo, beka lonke ixesha lakho kwabo bantu bagulayo." Wathi, "Andizange ndababona abantu abagulayo abaninzi kangaka!" Wathi, "Ndikhuphe amakhulu amabini amakhadi ngomzuzwana nje okanye emibini." Wathi, "Baninzi kakhulu abantu abagulayo!" Akafane andixelele lonto.

9 Kwaye ke ndiyeza ngokuhlwanje namanqakwana amancinci abhalwe apha, kunye nokunye ukuphawula ngomgwebo ozayo, kwaye sisazi ukuba sihleli apha ngokuhlwanje kunye nengqubo kaThixo ishukuma phantsi kwethu, kwaye kwakamsinya uyakuwutshayela. kwaye sisazi nje ukuba ingqumbo kaThixo ilindile; kanye ngalo mzuzu kuya kuthiwa, kuya kuba kuphelile, kwizigidi. Kwaye ndisazi ukuba entliziyweni yam, kwaye ndisazi ukuba izakuba njalo! Kwaye ngoko sibona abaninzi abagulayo, becinezela kwaye betsala.

10 Kwaye ndicinge, "Ngokuhlwanje, uninzi lwabo ngamaKristu." Kwaye mandikutsho oku, nina bantwana bakaThixo. Nantoni na oyenzayo, uyeka yonke engenye into ihambe. Ukhonze uThixo, imini nobusuku, ngentliziyo yakho yonke. Wena, ungeva ukuba kukho into engalunganga. Unokuyixela njengoko uhamba ezistratweni, unga. . .naphi na apho uya khona. Uyazi, ukuba ungowomoya; kwaye ndiyazi ukuba unjalo.

11 Kwaye bendithetha kwindoda, uMzalwana uStromei. Andazi nokuba uTony ukhona apha, okanye hayi. Wa, waye. . . [Umzalwana uthi, "uTony Salameh?"—Mhl.] Tony Salameh, Salameh, Salameh? Hayi. Ndifumene uTony ongenguye. [Umzalwana uthetha into.] Hayi, nguTony ongenguye. Lo nguTony wase—wase—wase Tucson. Ngubani igama lakhe?

[Omnye umntu uthi, "Stromei."] Stromei! Ndiyazi ukuba nguSalameh, Stromei, okanye othile. Ndifumene konke . . .

12 Kwivenkile yakhe, ngenye imini, kwangena indoda, yayiqapheleka kakhulu, yayithetha ngento eyabuyisa inkumbulo kum, xana ndi . . . ukugqibela kwam ndandise—se Indiya.

13 Apho, ndicinga ukuba iNkosi yasinika esona sihlwele sikhulu sakha saba naso ngaxesha nye, kwaku seBombay. Asizange sikwazi ukufumana indawo apho singazibeka khona, amashumi amawaka kunye namawaka abantu.

14 Kwaye ngaphambi kokuba sifike phaya, kwakukho iphephandaba eliguqulelweyo. Ke, kwakuse, Indiya lilizwe elineelwimi ezimbini, kwakuli—kwakuliphepha lesiNgesi. Kwaye yathi, "Ke, iinyikima kumele ukuba ziphelile, iintaka zibhabha zibuyela ekhayeni lazo kwiindlwane zazo."

15 Kwiintsuku ezimbalwa phambi kokufika kwenyikima, eza diliza iingcingo nezinto. Iintaka ezincinci zizifumanela indawo zokuhlala ematyeni, kwaye zakha iindlwane zazo; kwaye emva kwemini okanye emini emaqanda, xana ilanga lishushu ngokwenene, zonke izilwanyana zima ngakwezondonga zamatye, ukuze zingene emthunzini. Kwaye ngeentsuku ezimbini, iintaka zahlala phandle emithini, bezingayi kubuyela kwiindlwane zazo; kwaye intsuku ezimbini, izilwanyana, iigusha neenkomo, bezingayi kubuya emva kwemini, okanye zime nxazoke kwezo ndonga. Zazi—zazihlala endle kwaye zingqiyame enye kwenye, ngomthunzi.

16 Kwaze ngaxeshanye, inyikima, yasuka yashukumisa iindonga yaza yadiliza izakhiwo. Kwaye, yabona, ukuba ezo ntaka zincinane zazilapho, ngezazitshabalele. Ukuba iinkomo bezimi phantsi kwazo, kunye neegusha, ngezazitshabalele. UThixo ulumkisa indalo!

17 Kwiintsuku ezimbalwa ezidlulileyo, ezantsi kwivenkile kaMzalwana uTony, bendiphulaphule indoda apho yathi . . . Xana le nyikima yenzeka e-Alaska, yayiloba ezantsi kwindawo esiyibiza ngokuba yiStony Point, eMexico. Kwaye yathi, "Iintaka zazingafuni ukutya, kwaye iintlanzi zazingafuni ukutya. Kwakukho into engalunganga. Kwaye, ngaxesha nye, inyikima yagqabhuka."

18 Kwaye ngenye imini, xana oko kwenzekayo ngaphaya e-Indiya, okanye naphina apho yayikhona, yathi yayiloba kwakhona. Wacinga, "Ke, kuyamangalisa. Ezo ntlanzi zitya malunga neli xesha. Akukho maza emanzini, naphi na. Amanzi ezolile nje kangangoko, ixesha eligqibeleleyo lokuba iintlanzi zitye. Kwaye zonke iintaka ngokwesiqhelo phandle phaya, amangabangaba, echola ezi ntlanzi kunye nezinto, zonke zazihamba zijikeleza elunxwemeni, zingqunga enye ngoku chaseneyo nenye. Kwimizuzu embalwa, ubulembu bolwandle

obusuka ezantsi baqala ukuvela *ngolo* hlobo, inyikima yayenzekile kwelinye icala lehlabathi.” Yabona, eza ntlanzi zazisazi ukuba kukho undonakele, into ethile yayiza kwenzeka. Ezo ntaka zazi kwalonto.

19 Ngokuqinisekileyo, ukuba uThixo unika intlanzi kunye nentaka ukucalula, wobeka phi na ke Ukunika abantwana Bakhe—Bakhe! Siyazi ukuba sikwixesha lesiphelo, kwaye umgwebo ulindile, ke masibe nentlonipho ngenene. Balekela kuThixo ngentliziyo yakho yonke! “Owu Kapernahum, wena uphakanyiselweyo ezulwini, uyakuthotyelwa phantsi kwelabafileyo,” kwaye namhla ilele phantsi kwesingqengqelo samanzi. Khumbula nje, kwaye uthandaze.

20 Ngoku, ngokuhlwanje, ndifuna ukufunda indawo apha eSibhalweni, okwemizuzwana nje embalwa. Siza kuthandazela abagulayo. uBilly wathi ukhuphe iqela lamakhadi omthandazo. Kwaye ukhuphe amanye izolo, kwaye andizange ndifikelele nakuliphi na kuwo kubusuku bayizolo. Kwaye andazi, xana uMoya oyiNgcwele wafika . . . Kunjalo nje . . . AwunakuWenza usebenze. Kufana nje nelever encinci, uyitsalela ngokwakho kwigiya. Ungulowo owenza oko kusebenza kukaMoya oyiNgcwele, hayi mna. Ukwenza oko ngokwakho. Ke mna, kubusuku bayizolo, ndiqaphele nasekucaluleni, ayizange icholane nabantu nje kakuhle. Akukhange kubonakale beyithabatha. Ndiyifumene, apha mva nje, ibonakala ngokungathi, ingentla okanye ngaphantsi, kanye njengokuba bendithetha, ndibeka izandla phezu kwabagulayo, bayazi.

21 Kufuneke siqondile ukuba oko kunikwe kuthi, thina bakholwayo kuYesu Kristu saza sazalwa ngoMoya Wakhe kwaye sazaliswa ngala mandla adlisa ubomi, loo mandla akuwe. Ngokubeka izandla, kwabanye, njengoko benzayo abafundi ukuya kutsho ukwehla kwizigaba, Uphilisa abagulayo ngokupheleleyo, wavusa abafileyo, Wabonisa imibono, iziprofeto. Kwaye kwaloo Moya mnye wawuphila phakathi kwabapostile bakuqala uphila ebandleni namhlanje, ukusebenza kwa izinto ezikwazinye. Kwaye ngokukhawuleza njengoko singakuqonda oko! Yabona, akukhathaliseki nokuba isebenza kangakanani, kumele ukuqaphele oko kwaye ukholwe koko. Ayizukwenza nanye intwana elungileyo, ude uyikholwe. Kodwa ngomzuzu uyikholwa, iingxaki zakho ziphelile. Yinyaniso leyo.

22 Ngoku makhe sityhileni iSibhalo. Bendihleli phaya phandle, kwimizuzwana embalwa edlulileyo, ndibhale phantsi ezinye iZibhalo ezimbalwa eziliqela, ukuze ndiguqule umxholo wam wobusuku. Kwaye ndifuna ukufunda okuthile ukuphuma kwiLizwi likaThixo, kwiNcwadi kaLuka oNgcwele, isahluko se-8, siqala ngomqolo wama-40. Phulaphulani ngoku, ndiza kufunda ngokubanzi.

*Kwathi ke kaloku, okokuba, xana uYesu wabuyayo, abantu bamamkela ngovuyo: kuba bonke babemlindile.*

Bekungeke oko kube sisimilo esilungile kwi nkampani ngobubusuku?

*Kwaye, khangela, nako kusiza indoda egama linguYayiro, yaye yona ingumphathi wendlu yesikhungu: yaza yawa ezinyaweni zikaYesu, yayimbongoza ukuba eze endwini yayo:*

*Kuba yabe inentombi iyizala inye, eminyaka ngathi ilishumi linamibini izelwe, yaye yona isifa. Kodwa njengoko wahambayo abantu bamxinanisa.*

*Nentokazi eyayinethombo legazi iminyaka elishumi elinamibini, eyayithe yona phezu koko yadleka impahla yayo iphela ngamagqirha, ayaba nako ukuphiliswa bani,*

*Yeza ngasemva kwakhe, yamchukumisa umqukumbelo wengubo yakhe: lee qoko kwangoko ithombo legazi layo.*

*Wathi uYesu, Ngubani na lo undichukumisileyo? Bakuba bonke bekhanyela, wathi uPetros nabo babenaye, Mongameli, izihlwele zikuxina zikukhandanisa nje, uthi na, Ngubani na lo undichukumisileyo?*

*. . . Wathi uYesu, Umntu othile undichukumisileyo: kuba mna ndiyawazi amandla aphumileyo kum.*

*Ithe ke intokazi leyo yakubona ukuba ayifihlakele, yeza igubha,* yawa *phambi kwakhe, yaxela emehlweni abo bonke abantu ukuba bekungasizathu sini na ebimchukumisile, nokuphiliswa kwayo kwangoko.*

*Uthe ke yena kuyo, Ntombazana, yomelela: ukholo lwakho* lu*kuphilisile; hamba ngoxolo.*

Kwaye *ethubeni wa, . . . thetha, kufike* othile*, evela kwamphathi-ndlu yesikhungu, esithi kuye, Ibhubhile intombi yakho; musa ukumkhathaza uMfundisi.*

*Ekuvile ke oko uYesu, umphendule, wathi, Musa ukoyika: kholwa wena kuphela, kwaye iyakuphila.*

*Kwaye xana* wezayo *endlwini, akavumelanga mntu ukuba angene naye, kwaba kuphela nguPetros, . . . noYohane, noYakobi, noyise wentombi, nonina.*

*Baye ke bonke balila, . . . beyimbambazelela:* waze *wathi yena, Musani ukulila; ayifile,* ilele *nje kodwa.*

*Basuka bamwa ngeentsini, besazi ukuba ifile.*

*Kodwa wabakhuphela ngaphandle bonke, wayibamba ngesandla* intombi*, esithi, Ntombi, vuka.*

*Wabuya umoya wayo kwakhona, yesuka* yema *kwangoko: wamisa ukuthi mayinikwe into idle.*

*Besuka abazali bayo bathi nqa: wabathethela ukuba bangakuxeleli bani okuhlileyo.*

23 Ngoku masithandazeni. Bawo oseZulwini Othandekayo, njengokuba sifunda eli Lizwi, siyazi ukuba oko yinyaniso. Oku kwenzeka. Ayilobali eliyintsomi esinokulifunda mhlawumbi kwiphephandaba okanye incwadi yentsomi, kodwa oku kuphuma eNcwadini esiyaziyo ukuba iliLizwi likaThixo. Siyakholwa ukuba yenzeka. Siyakholwa ukuba lo Yesu wenza le nto iphawulekayo, izihlandlo ezimbini apha, yomfazi onethombo legazi, kwa nomntwana ofileyo, siyakholwa ukuba yena UnguNyana kaThixo, ukuba uThixo waMvusa kwabafileyo waze waMzisa kuthi, ngobubusuku, ekubuqu buka Moya oyiNgcwele.

24 Kwaye siyakholwa ukuba Ulapha kunye nathi ngobubusuku. Kwaye sikholwa ukuba Usekwanguye izolo, namhlanje, nangonaphakade, iimfefe Zakhe zifikelela ebantwini. Kwaye njengokuba abantu befikelela kuYe, kwa ezo ziphumo zikwa zinye zanikwayo ngaloo mhla ziyakunikwa ngalo mhla. Siphe yona kwakhona, Bawo, ukuze sibe nentambiso entsha. Njengokuba uMzalwana uShakarian wacela ngokunyanisekileyo, kwithuba elidlulileyo, kwaye wacela isihlwele ukuba sikholwe, siyacela kwakhona eGameni likaYesu Kristu. Amen.

25 Ndifuna ukuthetha okwemizuzwana nje, kwaye oko izakuba yimizuzwana nje embalwa, kuba ndifuna ukufumana aba bantu abanamakhadi omthandazo apha phezulu kwaye ndibathandazele. Kwaye ndishiya nayiphi na enye into kodwa nje ukuthandazela abagulayo. Kodwa ngaphambi kokuba sithandazele abagulayo, kumele sibabeke abantu kwesasimo sengqondo. Sisimo sengqondo esihlala sisizisa iziphumo. Sisimo sengqondo oya ngaso kuThixo.

26 Nanku umfazi owachukumisa ingubo Yakhe, waphiliswa, enethombo legazi. Ijoni lamtshicela ebusweni Bakhe laze lamthwesa isithsaba sameva entlokweni Yakhe, alava mandla.

27 Kungedlela osondela ngayo. Isimo sengqondo siso esithethayo. Kwaye yiloo nto kuyiyo kobubusuku, sihlobo esithandekayo, kuthabatha isimo sengqondo. Thina, kwaye siyakholwa ukuba si, kuBukho bukaYesu Kristu, kodwa yidlela yakho yokwenza esizisa iziphumo. Ubuxhakaxhaka bulapha, kwaye ke ngokunjalo nondonqo. Ukuba nje ubunokuqalisa, uThixo uya kwenza okuseleyo.

28 Ngoku, lo mxholo endifuna ukuthetha ngawo, okwemizuzwana embalwa, uthi: *Ukugqinela iLizwi Lakhe*. Ngoku yinto enkulu leyo, ukucinga ngoko: *Ukugqinela iLizwi Lakhe*.

29 Ngoku uThixo unako kanye nje ukugqinela iLizwi Lakhe, ngobu busuku, njengokuba Wakhe waLigqinela. Kwaye iBhayibhile kananjalo yathi, “Zicikideni zonke izinto. Bambelela kuko oko kulungileyo.”

30 Ngoku nivile, akukho ntandabuzo, neva isaci sakudala, “Yingqine, ndiyakuyikholwa.” Kodwa oko akuyibambi inyaniso. Kumaxesha amaninzi ndibone izinto ezininzi zigqinelwe, ezaziqinisekile ukungqinelwa nayinzululwazi, kwaye nangoko abantu abazange bayikholwe nakanjani na.

31 Bendithetha nendoda, apha kungekudala kwixesha elidlulileyo. Sasithetha ngempiliso eNgcwele. Yathi, “Bendingena kuyi kholwa. Andikhathali nokuba yintoni na ezakwenzeka, bungakanani na ubungqina onokububonakalisa ngayo, nangoku andiyikholwa.” Ke, ngokuqinisekileyo, akukhathaliseki nokuba yintoni ubunokuyenzela yona landoda, i—ilahlekile. Ayinakukholwa. Akukho nto kuyo, yakukholwa.

32 Ndibenamava nje a—amancinane apha, malunga neveki edlulileyo, njengoko nisazi nonke ukuba ndi—ndiyazingela. Kwaye xana ndibuya ukusuka kwintlangano yam, bendizingela iingonyama. Kwaye emva kokuba ndifudukele e-Arizona, kulungile, ndiyathanda ukuzingela iinyamakazi ezinkulu, kwaye ndiyathanda ukuphuma ngaphandle phakathi kwendalo ndiyibukele.

33 Ngoku, andingombulali. Ndiyazingela nje. Ke a—andithandi ukutshabalalisa inyamakazi, a—andiqondi ukuba kulungile. Ndicinga ukuba sisono esikhulu nje kangako ukubulala inyamakazi, xana ungazukuyisebenzisa kwaye uzakuyisebenzisela injongo, njengokuba bekuya kuba kukubulala nantoni na eyenye. Ndiyakholwa ukuba akulunganga. Akumele sikwenze oko. UThxo usinikele ukuba kube kukutya kuthi kwaye kuneenjogo, kwaye akumele sisitshabalalise. Kodwa ngoku umthetho uthi ungakuthabatha, kulungile. Musa nje ke ukwenza incitho.

34 Kwaye mna phaya ezantsi, ixesha lonyaka liphumile nakuyo nayiphi na enye into. Iingonyama zibulala uninzi lwenkomo. Kwaye ndazi uninzi lwababfuyi phezulu kwilizwe. Kwaye ngalo lonke ixesha befumana ukubulala, ngoba, bayandibiza, xana ingonyama ingena phakathi kweegusha. Umhlobo wam othile, ngobunye ubusuku, walahlekelwa malunga namakhulu amathathu-anesihlanu eedola, ngobusuku obunye, ngengonyama enye nje ibulala amatakane. Yangena, kwaye, kakade, zonke ezinye iingonyama, zaziya kuhlawula ngexa yesono sayo. Kwaye ke ndayifumana ingonyama, kwaye ke kwakuyingonyama enkulu kakhulu, kwaye kwakuzinyawo ezilithoba ubude, kwaye inobunzima obusondeleyo kwinto kwisibini sento, ke yayiyi—yayiyi ngonyama enkulu elungileyo.

35 Ndaza ndahamba ndisuka kwilizwe lase-Arizona, ukunyuka ukuya e-Utah, ukuya kuzingela. Kwaye ke ndandixelelwe ukuba kwakukho abantu phaya phezulu, ukuba indoda endandiza kuzingela nayo, yayingumbambisa oqeshwe ngurhulumente, "Kwaye, bethuna, ungakhankanyi kwanto ngenkolo, apho ikhoyo." Wathi, "Wayengumfo ongqwabalala ngenene."

Kwaye ndathi, ke, ndiyixelele indoda endandihamba nayo, ndathi, "Andiyi kuyikhankanya."

36 Wathi, "Musa ukuthi 'mshumayeli.' Ukuba wenjenjalo, awusayi kuze uye kuzingela. Ayizukukuthatha." Ndathi, "Ndandizingela nayo iintsuku ezintathu, ndilala nayo ntsuku zonke, ndisitya nayo yonke imihla, kwaye ayizange atsho nokuthi: 'Molo kusasa nje. Unjani ngempilo? Ufuna into etyiwayo? Hlamba izitya.' Kwa nto!" Wathi, "Ngoku ungathethi kwanto malunga nayo."

Ndathi, "Andisayi kuthetha na lizwi." Ke andizange ndiyixelele ukuba ndandingazukuthandaza, kodwa ndaqhubeka nje ndiyixelela ukuba ndingu . . . Kwaye ndiyathandaza.

37 Ke xana sifika phezulu phaya, le ndoda kwakungumntu olukhuni, kwaye andizange ndicinge ukuba yayikholelwa nantoni na. Kwaye yayisandula kulahlekelwe lusana kubusuku obumbalwa ngaphambi koko, usana oluzelwe lufile. Ke, saya kuzingela. Kwaye ngosuku lwesibini, indoda endandizingela nayo ibimxelele, yathi ndifumana ukuzingela kuyo yonke indawo elizweni jikelele. Ke xana omnye umzingeli, wayekunye nam, wemkayo, sasikude encochoyini yeencopho; apho sasisandula ukusukela ingonyama, sade sayingenisa ematyeni, yabe imkile. Kwaye ke sasihleli phaya silindele inja ukuba ibuye. Kwaye le ndoda yathi kum, yathi, "Omnye umzingeli, umhlobo wakho, undixelele ukuba ufumana ukuzingela kuyo yonke indawo. Unemali eninzi?" Yathi, "Ndiqikelela ukuba ayiyo ndaba yam leyo."

Kwaye ndathi, "Hayi," ndathi, "ayiyo mali eninzi." Ndathi, "Ndi—ndixhasiwe."

Kwaye yathi, "Owu, ndiyabona." Yathi, "Ke, ndiyaqikelela ukuba asiyondaba yam kwakhona, kodwa," yathi, "unefem ekuxhasayo?"

Yayitsala nje kanye kum. Ndathembisa ukuba andiyi, yabona. Ke ndathi, ehe, ndathi, "Hayi, mhlekazi. Ndingumshumayeli, imishinari."

Wathi, "Intoni?"

Ndathi, "iMishinari." Kwaye yema nje kwaye yandijonga imizuzu embalwa.

Ndathi, "Ingaba unalo naliphi na ithemba loBomi emva koku? Liyintoni na ithemba lakho?"

Yathi, "NdingumJack Mormon."

Kwaye ndathi, "Intoni?"

Wathi, "UmJack Mormon."

Ndathi, "Luhlobo olunjani olo?"

Yathi, "Lowo uthukayo asele ikofu, kwaye atshaye nemidiza."

Ndathi, "Ke, ukuvuma okunyanisekileyo kulungile kumphefumlo."

38 Kwaye ke wathi—wathi, "Ndifuna ukukubuza into." Yathi, "Ndixelelwe ukuba icawa yamaMormon kuphela kwecawa yenyaniso ekhoyo." Yathi, "Uyakukholwa oko?"

39 Ndathi, "Xana isiza ecaweni, ndiyaqikelela ukuba ilunge njengayo nayiphi na kuzo. Ndazi iNyaniso enye kuphela, kwaye lowo nguYesu Kristu." Ndathi, "Ndiyazi ukuba uyiNyaniso."

40 "Ke," wathi, "Ndinosana oluzelwe kobunye ubusuku, selufile." Wathi, "Ndixelelwe ukuba olu sana, ngokuba lizelwe lufile, uThixo akazange aphefumlele impefumlelo yobomi kulo, ukuba andisayi kubuya ndilubone kwakhona." Wathi, "Ucinga ntoni ngako oko?"

41 Ke, "Ndathi," "Awungeke njengomJack Mormon, ngokuqinisekileyo awungeke. Oko yinto enye eqinisekileyo, awungeke ulubone nje ukuba uhlala ungumJack Mormon." Kwaye wathi . . . Ke, ebendityhala, ke ndamtyhalela emva kancinci, uyabona. Besine—sinexesha lokutyhalela emva. Ke wathi—wathi . . . ndathi, "Yintoni ingxaki?"

Wathi, "Owu, andazi." Kwaye wathi, "Ke, yintoni oyicingayo?"

Ndathi, "Ndiqhelene nabaninzi abalungileyo . . . "

42 Ndandingazi ukuba wayengumMormon. Kwaye ndandi kakhulu . . . Ndiyazi, ekubeni ise-Utah, mhlawumbi kwakuyiyo, kodwa mna . . . kuba uninzi lwabantu phaya phezulu bangama Mormon, malunga neSixeko seSalt Lake. Esi kwakungesiso isiXeko seSalt Lake, nokuba kunjalo. Ke ndacinga, "Ke, bendinabahlobo abalungileyo abangama Mormon, babekwimigca yokuthandaza, abantu abalungileyo."

43 Kwaye ndathi, "Ndidibene namadoda alunge kakhulu nga—ngamaMormon." Kwaye, wathi ke, wathi . . . ndathi, "Andiyazi imfundiso yabo koko, kwaye andifuni ukuthetha nto ngoku chaseneyo nemfundiso yabo, ngokuba koko ukuko, kwaye ndiyakuhlonipha kakhulu oko." Kwaye ndathi, "Ke, uyakukholwa oko?"

Wathi, "Ewe, mhlekazi, ndiyakholwa. Kodwa," wathi, "Andiphili kuyo."

44 Ndathi, "Ke, ndiyakholwa ukuba iBhayibhile ifundisa ukuba uThixo wayelwazi olwa sana, kwizigidi zeminyaka eyadlulayo, ngaphambi kokusekwa kwehlabathi." Ndathi,

"UThixo waxelela uYeremiya, 'Ngaphambi kokuba wabe ukhawulwe esizalweni sikanyoko, ngaphambi kokuba wabe uphumile embilinini, ndakwazi, ndakungcwalisa, kwaye ndakumisela ukuba ngumprofeti kwizizwe.'" Ndathi, "Kuka ngako awathi wazi ngalo, yabona."

Wathi, "Ke," wathi, "enkosi."

45 Waqalisa ukuhamba esihla kwinduli. Kwaye waze wadibana nalo omnye umfo, kwaye wathi, "Kutheni ungandixelelanga ukuba la mfo wayengu mshumayeli?" Kwaye ke thina . . . Wathetha kuye kancinane kwaye waqalisa ukumxelela ngeemi hlangano.

46 Ngoku, amaMormon ayakholwa kwisiprofeto. Andi . . . kuse nokungabikho omnye apha, kodwa a—kodwa ayakholwa kwi—kwisiprofeto. Kodwa, ke, mhlawumbi ndithetha ngaphandle kwesikolo, kodwa mna . . . Ewe. Ewe. Kodwa, nokuba kunjalo, baya kholwa.

Kwaye wathi, wabuyela kum, wathi, "Ndiyaqonda ukuba ungumprofeti."

Ndathi, "Hayi, mhlekazi." Ndathi, "Ndi . . . INkosi indibonise izinto ezimbalwa eziza kwenzeka."

47 Kwaye wasuka kwangoko, wathi, "Masingene phakathi." Kwaye wangena emotweni yakhe, wehla waya kwi . . . sixeko sakhe esincinane kwindawo ebephila kuyo. Kwimizuzu embalwa, wayelahlekile. Sasilungisa izinja, ukuze sithabathe olunye uzingelo kanye emva kwesidlo sasemini. Kwaye xana sisenza, kutheni, wemka ngemoto.

48 Kwimizuzuna embalwa, umfana okhangeleka emhle wabuya, omalunga neshumi elinesixhenxe leminyaka ubudala, okhangeleka engongcwele ngenene umKristu olinene. Wathi, "Lona ngumntakwethu." Wathi, "Akanguye umJack Mormon. UngumMormon wokwenene."

Ndathi, "Unjani ngempilo nyana?"

Kwaye wathi, "Ndiyaqonda, ukuba umntakwethu undixelela, ukuba ungumprofeti."

Ndathi, "Hayi, mhlekazi." Ndathi, "Asikuko ukuba ndingumprofeti." Ndathi, "INkosi indibonise izinto eziza kwenzeka."

49 Wathi, "Ndinembumbulu engalweni yam ngoku, bekumele ukuba ndikwitafile yotyando." Wathi, "Kodwa umntakwethu undixelele oku. Kwaye ndathi, 'Ukuba kunjalo, andiludingi utyando.'" Wandijonga ngqo emehlweni, ngokuthembekileyo, ukujonga, kwenyani okunyanisekileyo, wathi, "Ubeka izandla zakho phezu kwam. Ukuba ezi zinto zinjalo, andisayi kuludinga utyando." Waya ekhaya ephilile.

50 Lo mzalwana, umhlobo wam ongumKristu, wayezingela nam, ukusuka ePhoenix. Wathi kum, wathi . . . Amanye ala makhwenkwe ahleli apha ngoku. Omnye wabo endimaziyo ukho apha. Saya ekhaya. Wathi, "Mzalwana uBranham, ukuba iNkosi ingakubonisa umbono kwaye ikuvumele ukuba uxelele amaMormons kanye into ezakwenzeka, oko kuyakuyenza, ngokuba bakhangela kona."

51 Ke, ndathandaza kwaye ndathandaza. Kwaye endleleni yam ebuyela ekhaya, ndandinyuka, kumMvulo olandelayo, ngeCawe, malunga nentsimbi yeshumi entloko, Ndandimi egumbini, emvakwe cawe ngaloo ntsasa, kwaye ndandikhangele phandle.

52 Kwaye ndabona iithotshi ezidanyazayo, okanye uhlobo oluthile lokukhanya ludanyaza. Kwaye ndabona ingonyama eyayise mthini, kwaye—kwaye yayincinci kakhulu ukuba ndiyidubule. Ndandingayifuni. Kwaye kukho mntu uthile wayidubula, kwaye, xana benzayo, bayidubula ngompu omkhulu kakhulu. Wayivuthelela ingonyama. Andizange ndiyithande—i—indlela eyenziwa ngayo.

53 Xana ndafika phaya ePhoenix, ndaxelela uMzalwana uDawson oko, noMzalwana uMosley. Ndiyazi ukuba ulapha. Ndambona ngenye imini, ndaweni ithile apha. Kwaye wayenyuka nam, yena kunye nonkosikazi wakhe. Kwaye ndathi, "Khangela kwaye ubone, oko ngu ITSHO INKOSI. Kuya kwenzeka ngolo hlobo."

54 Ubusuku salinda, ubusuku obune okanye obuhlanu, sasizingele, okanye iintsuku. Kunqabile ukubona ingonyama emthini ebusuku. Kwenzeka ukuba, besiza ekhaya, bazikhulula izinja, lo mzingeli, le nkwenkwana yeMormon. Kwaye i—ingonyama yabetha umkhondo, okanye inja yabetha umkhondo wengonyama, gxebe, kwaye yayiqhubela emthini. Kwaye ngentsimbi yeshumi ebusuku beza, basikhupha ebhedini. Saphuma saya apho, kwaye kwakukho kwaloo ngonyama emthini. Edanyazisa izibane, uMzalwana uMosley wayidubula nge-.44 caliber, kwafana nokuyivuthulula isiqingatha kwisibini ingonyama. Kwaye nantso ke kwakuyiyo, kanye ngendlela ekwakuthethwe ngayo.

Ngosuku olulandelayo, ndadibana nomphathi omkhulu umgadi wezilwanyana karhulumente, omnye umJack Mormon. Ndabathabatha loo makhwenkwe ndawonye, ndawakhokelela ekhaya kuKristu.

Ndiyanixelela, isekwanguYe izolo, namhlanje, nangonaphakade. UThixo uyalingqinela iLizwi Lakhe.

Ubavile abantu besithi, "Ukubona kukukholwa." Oko akuyonyaniso ngokupheleleyo. Abantu abaninzi bayabona kwaye abakholwa nangoku.

55 Ngemihla leyo uYesu wayesemhlabeni, kwakutheni bengazange baMqaphele, ukuba Wayelela Lizwi likaThixo

libonakalaliswa? Kutheni abantu bengazange bamqonde ukuba uMoses wathi, "UYehova uThixo wenu uya kunivelisela umprofeti onjengam"? Kwaye Wazalisekisa lonke iLizwi eyalithethayo iBhayibhile ukuba Wayezakulenza, kodwa abazange balikholwe.

56 Kodwa uThixo, kwisigaba ngasinye, walingqinela iLizwi Lakhe ukuba liyinyaniso. Uhlala elingqinela iLizwi Lakhe. Emva koko bathi ngamanye amaxesha, ukuthi "Ukubona kuku kholwa." Akunjalo. Kodwa siyazi ukuba uThixo uqhubela phambili egqinela iLizwi Lakhe kwisigaba ngasinye.

57 Siyazi ukuba Walingqinela ku Adam no Eva, ukuba xana Wathi, "Mhla uthe wadla kuwo, ngaloo mhla uzakufa ngenene." Kumele sivume koko, oko ukuba oko yinyaniso. Siyakukholwa oko, kuba Ukungqinele kuthi, kwaye siyazi ukuba yinyaniso.

58 Ngoku sizakuthabatha nje iindawo ezithile athe uThixo walinqqinela iLizwi Lakhe. Makhe sithabathe, umzekelo, ngemihla ka—kaNowa. UThixo wathetha kuNowa umyalezo ngokuqinisekileyo lowo wawungena nzululwazi kwaye ungakholeleki. Kwakungekho bani wayeno kuwukholwa. Kwakungazange kune phezu komhlaba. Ayinabunzululwazi!

59 Mhlawumbi babene sisigaba senzululwazi enkulu kakhulu kunokuba sinayo ngoku, ngokuba babesakha iiphiramidi nee-sphinxes, kwaye nokujalo, ngaloo mihla, esingenako ukuzakha ngoku. Babeqhelene namandla, ohlobo oluthile lwamandla obuxhakaxhaka, mhlawumbi i-atom okanye into ethile, ukuze babe nokuwaphakamisa loo matye makhulu, lawo besingenakuwenza namhlanje. Kodwa babesenza izinto ezinkulu zenzululwazi. Babenento ababenokuwuqhola umzimba, ukuwenza ubonakale ngokwase ndalweni ngamakhulu eminyaka. Silahlekene nobo bugcisa.

60 UYesu wathi, "Njengokuba kwakunjalo ngemihla kaNowa, kuyakubuya kube njalo ekufikeni koNyana woMntu." Kwaye siyazi ukuba simelwe kukungena kwesinye isigaba esikhulu senzululwazi.

61 Kwaye ngoku umyalezo lowo uNowa wayenawo wawuchasene kakhulu nenkolelo yaloo mhla, ebandleni, kwaye kananjalo wawuchasene kakhulu nophando lwenzululwazi. Kodwa uThixo walingqinela iLizwi Lakhe ukuba liyinyaniso. UThixo wangqinela ukuba oko lamprofeti wakuthethayo kwakuyinyaniso.

62 Kwakhona siza kuthabatha omnye okomzuzwana nje. U-Abraham wayengomnye umprofeti weNkosi, elathi iLizwi leza kuye. Kwaye lamxelela, xana wayeneminyaka engamashumi asixhenxe anesihlanu ubudala, kwaye uSara wayenamashumi amathandathu anesihlanu eminyaka ubudala, ukuba wayeza kuba nomntwana ngoSara. Ngoku, oko kwakusethusa kakhulu kongakholwayo. Ungafane ucinge, namhlanje, into enjalo

isenzeka kulomhla, ngazo zonke iimpumelelo zenzululwazi yethu, kwanazo zonke ezi ntsana zeetyubhu zokuvavanya bathetha ngazo, nanjalo njalo? Kodwa eli xhegokazi, ngoku elinamashumi amathandathu anesihlanu eminyaka ubudala, kunye nexhego elineminyaka engamashumi asixhenxe anesihlanu ubudala, kodwa iLizwi leNkosi leza ku Abraham lamxelela ukuba oku kwakuzakwenzeka. Kwaye u-Abraham wamkholwa uThixo. Ngoku, akukhathaliseki nokokuba wathetha kangakanani na uThixo, nokuba kwakuyinyaniso kangakanani na, u-Abraham wayemelwe kukukholwa oko uThixo akuthethayo, ukuyenza ibe njalo. Ngoku khangela ukuba wacikidwa njani na loo mntu, ngobungqina bakhe, ukuba ubekholiwe.

63 Kwala ndoda inye yenza olwa vumo, ukuba yakholwa kuThixo, ungumntu okwanjengawe, ehleli apha ngokuhlwanje. Sisamkholwa uThixo. Simelwe kukumkholwa ukuba iLizwi Lakhe liyiNyaniso. Kwaye Uzakuliqinisekisa, ukuba liyiNyaniso, ukuba singalikholwa nje.

64 Ngoku khangela umqobo u-Abraham wayenawo. Into yokuqala kwaku bubudala bakhe, amashumi asixhenxe anesihlanu eminyaka ubudala, kwaye uSara enamashumi amathandathu anesihlanu. Wayesele edlulile kude kutshintsho lobomi, ukuyeka ukuya exesheni. Ngaphandle kwamathandabuzo kodwa yinto eyayekayo, kwiminyaka emininzi ngaphambili. Wayehlala naye njengonkosikazi. Yayingudade wabo isiqingatha, mhlawumbi wayemthathe xana nje wayeyintombazana ekwishumi elivisayo, waza wamtshata. Kwaye waye waye engenabantwana. Wayeludlolo ngokupheleleyo. Kwaye ngoku sifumanisa ukuba, ukwenza oku, kwakufuneke azahlule kubo bonke abantu ababengakholwa kuyo, ukuze kwenziwe yenzeke.

65 Andithethi kuthi kumele uzahlule ngokwakho usuke ebantwini. Kodwa kumele uzahlule kuyo yonke intlebendwane yokungakholwa, kwaye uhlale kude ukusuka koko. Xana abantu besithi, “Ah, ezo zinto azenzeki! Elo qela labantu abaphambeneyo! Akukho kwanto enje ngaleyo yenzekayo,” vala nje iindlebe zakho uhambe. Musa ukunikela ingqalelo kuyo.

66 IBhayibhile yathi “U-Abraham akazange abengothandabuzayo kwidinga likaThixo, ngokungakholwa; kodwa wayengowomeleleyo, edumisa uThixo.” Igama lakhe latshintshwa ukusuka ku Abram ukuya ku-Abraham, ukutshintshwa kwegama, kwenziwa igama lakhe, “uyise wezizwe.” Ungafane ucinge indoda ihlala nonkosikazi wayo, isithandwa sayo, athe wahlala nayo ngoku yonke le minyaka, kwaye ngoku kwindawo ethile eneminyaka engamashumi asibhozo ubudala, kwaye nonkosikazi wakhe iminyaka engamashumi asixhenxe ubudala, kwaye ukanti ngaphandle komtwana omnye okanye naliphi na ithemba lomtwana, kodwa

wayebanga ukuba nguye "uyise wesizwe." Khawufane ucinge ukugxeka kwendoda egqithayo izakuthi, "Yise wezizwe, ngoku bangaphi abantwana bakho onabo ngelixesha?" Kwaye konke ukugxekwa okwakumele adlule kuko!

67 Kodwa u-Abraham akazange athandabuze naphi na konke konke, ngokungakholwa. Wayekholwa ukuba uThixo unako ukukwenza oko akuthembisileyo, ukuba uThixo uza kuligqinela iLizwi Lakhe, kungakhathaliseki nokuba lide kangakanani ithuba elithabathayo. Kodwa endaweni yokuba abe buthathaka sihlandlo ngasinye, njenganxa sidla ngokwenza, wayesomelela ngalo lonke ixesha. "Ukuba akwenzekanga namhlanje, ngomso izakuba ngummangaliso omkhulu ngakumbi, kuba ikhule ngosuku olunye obudala." Oko kwakungu Thixo, oko kwakungu Thixo ku Abraham, kuba wayesazi ukuba uThixo wagqinela wonke aMazwi Wakhe ukuba anjalo.

Ukuba abantwana Bakhe bebeya kuthabatha kuphela iLizwi Lakhe, ukuze Abe nokuLingqinela ngani! Yiloo ndlela kuphela Anokulingqinela ngayo iLizwi Lakhe.

Akalingqineli Lona kwabangakholwayo. Abanakungqinelwa; bangabangakholwayo. Kodwa, Alibhekiselelanga kwabangakholwayo. Alilolwabangakholwayo.

68 Kukulowo ukholwayo. Kwaye ukuba Unokufumana umntu othile ozakulikholwa iLizwi Lakhe, Uzakulingqinela ngaye iLizwi Lakhe. Kwaye ngamanye amaxesha ukugula nezinto zenzeka kuthi ngolo hlobo, ukuze uThixo abe nokuZingqinela ngokwakhe.

Uyakhumbula indoda ekwakuyimfama eyafunyanwa nguYesu? Bathi, "Ngubani na owonayo, yena okanye uyise, umama wakhe?"

69 Wathi, "Kule meko, nakanye, kodwa ukuze imisebenzi kaThixo ibonakalaliswe." Yabona, yenzeka kwinkwenkwe ukuze uYesu azukiswe. Ngamanye amaxesha ukugula akusosiqalekiso, yintsikelelo, ukuze sibe nokuncamathelisa ukholo lwethu phaya sibize ezo zinto zingekhoyo, ngokungathi bezikho. UThixo utsho njalo, kwaye Uzakungqina ukuba kunjalo ukuba awusayi kuba buthathaka phantsi kovavanyo.

70 Waye nokumngqinela uYobhi, ngaxesha lithile, ukuba waye engenakuMsingela phantsi ebusweni Bakhe. Khangela uvavanyo awathi uYobhi wadlula kulo. Kodwa ezantsi emihlathini yokufa, wathi kunjalo, "INkosi ibinikile, INkosi ibuye yathabatha, iGama leNkosi malibongwe!" Ngokuqinisekileyo wayeyikholwa. UThixo walingqinela iLizwi Lakhe kuYobhi. Walingqina ku Abraham. Walingqina njalo.

71 Kananjalo Walingqina ngoMoses. Kwaye xana uMoses, xana ubunzima babunxamnye naye, uMoses wayenayo engqodweni yakhe, okokuba mhlawumbi, abe ngumhlanguli,

okokuba umama wakhe mhlawumbi wayemxelele ukuba uzelwe engumntwana olungileyo. Wa—wayengumhlohli wakhe owayemkhulisa kwibhotwe likaFaro, akukho ntandabuzo wayemxelele, "Nyana, sithandazile ukuba siyakuhlangulwa, kwaye siyakholwa ukuba unguye laa mntwana ayakuthi uThixo amsebenzise ukuhlangula." Kwaye xana yena . . .

72 Yabona, wenyuka kwaye wayeza kuba ngu—ngunyana wentombi kaFaro, kwaye sifumanisa ukuba wayeza kuba yindlalifa kwitrone. Kutheni, akukho ntandabuzo kwakusengqondweni yabo ngoko, ukuba uzakuba nguFaro olandelayo, "Kwaye kwaku yiloo ndlela awayeza kuhlangula ngayo abantu, ngokuba abe nguFaro olandelayo." Kodwa uThixo wayene . . . Ukuba oko bekuya kuba njalo, ngoko ebeza kuyenza ngempahla ephathekayo, ngokusebenzisa i—i—isenzo sezopolitiko. Kodwa uThixo akasoloko esebenza ngolo hlobo.

73 UThixo uneendlela Zakhe zokusebenza, kwaye Wathi Uza "kubakhupha." Waxelela u-Abraham, "Emva kweminyaka engamakhulu amane," Uza "kubakhupha, ngesandla esinamandla," Uza "kubonisa imiqondiso nezi manga." Ke wayengenakuyenza ngolo hlobo, ke u-Abra- . . . Sifumanisa ukuba u-Abraham wakholwa kuThixo, kwaye nanku uMoses ngoku ukholwa kuThixo.

74 Kwaye uMoses wakroba kwangalo festile inye leyo wenzangayo uFaro, wabona kwa abantu abanye. Ukuba uFaro wakhangela phandle phezu kwabo, njenga, "Abantu abaqalekisiweyo, abantu abangenanto kodwa igquba lababaxi, ngenxa kaThixo, kwaye uThixo othile wenkqantosi ndaweni ithile lowo babengazi kwanto ngaye; umfanekiso othile ongabonwayo lowo bathandaza kuwo, lowo kwakungekhonto kuwo. Balinqela lababaxi. Kwaye babeliqela lamakhoboka. Kwaye uThixo wabo wabavumela babangamakhoboka, kungqina ukuba Wayengenguye uThixo."

75 Kwaye kanye phakathi kwayo yonke into, Wayekhulisa kanye loo ndoda. UThixo wenza izinto ngeendlela ezingaqhelekanga, kanye phantsi kwabo. Hayi isifundiswa senkolo, hayi umfundisi, hayi umbingeleli, hayi omnye wamadoda wabo angcwele; kodwa indoda nje eqhelekileyo, ezalelwe umsebenzi. Kwaye uThixo wambiza ukuba abe ngumprofeti Wakhe, kwaye wamthumela ezantsi phaya. Kwaye kungekho nto esandleni sakhe kuphela ukhuni eligoso, ukujongana nomkhosi, ibutho lamajoni obuxhakaxhaka awayeloyisile ihlabathi liphela. Kodwa ngela khuni esandleni sakhe, njengoko uThixo wamxelelayo ukuba abambe olwa khuni esandleni sakhe kwaye uyakumhlangula uSirayeli, kwaye wehla kwaye wayenza kuba uThixo wayeyithembisile. Uza kuyenza njani loo nto? "Ndiya kuba nawe."

Wathi, "Ndibonise uzuko Lwakho, Nkosi. Ndiyathintitha.

Andikwazi ukuthetha kakuhle. Kwaye ndi . . . ” Wayenezigidi zokuzithethelela.

76 Kodwa Wathi, “Ndiya kuba nawe.” Kwaye kuthabatha oko kuphela. Wahamba, ethabatha iLizwi likaThixo. Kungakhathaliseki nokuba umsebenzi wawubonakala uyingozi kangakanani na, uMoses waqhubeka ekholwa kuThixo. Kwaye uThixo waligqinela iLizwi Lakhe, ngoMoses, ukuba liyinyaniso. Ngokuba, nokuba yintoni eyenzekileyo, Moses wahlala kanye neLizwi. Ngexesha lohambo . . .

77 UThixo wabaxelela, ezantsi eYiphutha, kananjalo, ukuba Uzakubahlangula, “Kwilizwe ledinga, ilizwe elihle, elizele lubisi nobusi.” Kwaye lalilapho ngokupheleleyo. Babengazi ukuba laliphaya, kodwa Wathi, “Likhona, kwaye ndilinike nina. Sele lilelenu, yiyani nje nilibange!”

78 Kwaye entlango, xana abaninzi babo baphumayo, bexhentsa bekuMoya, xana uMiriyam wabetha ithamborina; besidla imana evela eZulwini; bephulaphule kuMoses evuma ekuMoya; bebukele imimangaliso nemiqondiso iphuma. Kodwa xana kwafikwa kumanqam, ukulikholwa lonke iLizwi likaThixo, lonke idinga, basilela.

Babini kuphela kubo abalikholwayo kwaku nguYoshuwa noKalebhi. Kwaye babuya nobungqina bokuba ilizwe lalilungile.

79 Kodwa, iimeko kwaku, koko kwaba kwabathintelayo. Ngokuba, bathi, “Asinako ukulithabatha elalizwe, ngokuba izixeko zabo zibiyelwe ngodonga—abathunywa babo—babo phaya. Hayi abathunywa babo, kodwa abantu babo—babo bazingxilimbela ezinkulu. Ngokuba, sikhangeleka njengemicikwana, phezulu ecaleni kwazo.”

80 UYoshuwa noKalebhi bathi, “Singaphezu kokuba sinako ukulithabatha.” Ngokuba? UThixo wayelinikele bona, kungakhathaliseki nokuba zazinkulu kangakanani na iingxilimbela. Umqobo wawungathethi nto kubo. UThixo wayekutshilo! Kwaye uThixo wakungqinela ngabo. Kwaye baya bawela balithabatha ilizwe, njengoko uThixo wayethe bayakukwenza. Wakugqinela kubo.

81 Ngoku, xana beza kwinyanga ka-Epreli, xana amanzi ayebhabhela ezantsi ephuma ezintabeni, phezu kwemijelo yekhephu, kwano kunjalo, kwaye kwabonakala ngokungathi uThixo kwakuyinjengele elihlwempu, ukukhokela umkhosi Wakhe kanye ukuya kwindawo, Wenza ukuba bacinezelwe bangabikho kwilizwe ledinga. Kwaye kwangelo xesha Wabawelisa ngalo, wayeza kubawelisa, kwakuyeyona nyanga imbi enyakeni. Inyanga iYordan eyayiphuphumela kumanxweme ayo, ibaleka iphuma iye emasimini. Ngokuba, ukuba babeza kubawelisa, kwakuzakuba lixesha lasehlotyeni, xana babenokuwela. Kodwa Walinda de amanzi aba nzulu.

Uyakuthanda ukubonisa ukuba Yena unguThixo. Uyathanda ukungqinela iLizwi Lakhe, kungakhathaliseki.

82 Ndikhathali nokuba ugqirha uthi, "Uyafa ngumhlaza." Koko kodwa umtu akwaziyo. Mhlawumbi amanzi anzulu kwabanye benu, ngokuhlwanje. Kodwa, khumbula, uThixo wenza idinga. UThixo uyaligcina iLizwi Lakhe, kwaye uThixo uyalingqinela iLizwi Lakhe. LiyiNyaniso.

83 Walinda de amanzi aba nodaka, ade abanzulu nangaphezu kweentloko zabo, nanjalo njalo, kwaye ngoko Wavula indlela. Wahamba phambi kwabo kwaye wenza indlela.

84 Babezakungena kanjani, eYeriko, xana yayivaliwe yonke? UYoshuwa wayezibuza. Wayesazi ukuba uThixo wayemkhokelele kude kangako, inyathelo elilandelayo lelikaThixo.

85 Ngenye imini, xana wayephumile ehambahamba ejikeleza, ejonga iindonga, wabona iNdoda imile irhole ikrele Layo. Kwaye walirhola ikrele lakhe waya kuyihlangana iNdoda, wathi, "Ungowababaphi? Unathi okanye Ungowotshaba lwethu?"

86 Yathi, "Ndingumthetheli womkhosi weNkosi." Kwaye Yamxelela into emakayenze. Ukuba uza kulivuthela kanjani ixilongo kwaye udonga luwe phantsi, ababesenza ugqatso lweenqwelo kulo? Yintoni elalinokwenza nalo nexilongo?

87 UThixo usebenzisa ezinjalo ukubalula iindlela. Injalo, ubulula bayo, yilonto eyenza ibe nguThixo kum. Sihlala sizama ukufumanisa into enkulu, izakwenza into, kwaye Thixo. . . umbutho othile omkhulu uzakuthabatha yonke into uyicacise yonke ngokuphandle. Xana, uThixo ethabatha umntu olula, indoda nje enye Anokuthi ayibambe ezandleni Zakhe, kwaye Uyakungqinela iLizwi ngalinye elo Alithethileyo ngayo. Thabatha iindlela ezincinci ezilula!

88 "Vuthela ixilongo." Hayi ukomba udonga, kodwa, "Vuthela nje ixilongo, kwaye iindonga ziyakuwa phantsi. Ukudubula kwexilongo kuzakuwisa iindonga phantsi." Indlela ekububudenge ngayo kwingqondo yenyama! Kodwa uThixo walingqinela ukuba iLizwi Lakhe laliyinyaniso, kuba iindonga zawa, olunye phezu kolunye. Benyuka baya ngqo kwaye basithabatha isixeko.

89 Owu, uThixo uyathanda ukuZinqinela ukuba unguThixo! uYoshuwa wayekwazi oko. Ngenye imini, kwaye xana wayemi phaya, omnye weyona mimangaliso mikhulu yakhe yenzeka, ngaphandle kokufa, ukungcwatywa, nokuvuka kukaYesu Kristu. Xana utshaba. . . Wayeseludubile, kwaye iizintlu ezahlukeneyo zazisezintabeni. Wayebadubile, kwaye lalitshona ilanga. Owu, bethu, kwakulelinjani ixesha kuNjengele uYoshua!

90 Khumbula, walwa kwelalizwe lonke, ngaphandle kokuba nesibhedlele, nomongikazi, uncedo lokuqala, okanye ukuba

nomntu owenzakeleyo. Ndixelele into ethile enokubetha oko. Ewe, mhlekazi. Akazange abenazibhedlele, engenabongikazi, kwaye akazange aphulukana nandoda, okoko nje babesahamba kwintando neLizwi leNkosi. UThixo wakungqinela ukuba Wayenabo. Kulungile oko. Qaphela ngoku.

91 Kwaye sifumanisa ukuba uYoshuwa wayesazi, ukuba ubusuku buyeza, bayakuqhwesha nxazonke kwaye bafumanane omnye nomnye, kwaye—kwaye bazihlanganise ndawonye baze benze omnye umkhosi omkhulu, kwaye wayeza kuba nexesha elirhabaxa kunye nabo ngosuku olulandelayo. Wayengazi ukuba enze ntoni na, ngoko wakhangela phezulu kuThixo. Wayedinga uncedo, kwaye wayedinga ela langa ukuze lime ngxi. Ke wayalela nje elalanga ukuba lime ngxi, kwaye i . . . wathi ngenxa "inyanga ijinge phezu kwe-Ajalon," ingashukumi ade ayiyalele. Kwaye inyanga nelanga zema ngxi iiyure ezingamashumi amabini anesine, xana uYoshuwa wayesilwa idabi kwaye waloyisa utshaba, kuba wayekumgca womsebenzi kakuhle. Wayenelungelo lokuyenza, ngokuba wayethobela umyalelo kaThixo.

92 Kwaye okoko usemgceni womsebenzi, ugcina iLizwi likaThixo, usenza nje kanye oko Akuxelele ukuba ukwenze, uhamba ngokwemimiselo kaThixo, unelungelo lokuthi kula ntaba, "Funquleka!"

93 UThixo uyaligcina iLizwi Lakhe. "Ukuba uthe kule ntaba, 'Funquka,' musa ukuthandabuza entliziyweni yakho, kodwa kholwa okokuba ukuba oko ukuthethileyo kuza kwenzeka, ungabanako oko ukuthethileyo." UYesu wathetha oko, kuMarko oNgcwele 11:22. YiNyaniso leyo. Ndiyazi ukuba yiNyaniso leyo. LiLizwi likaThixo, kwaye oko kungqina ukuba yiNyaniso. Siyoyika nje ngamanye amaxesha. Sifika kwindawo, siyoyika ukuba Akayi kuligcina ela Lizwi. Uyakuligcina ela Lizwi. Wathi Uzakuyenza. Ngoku, sifumanisa ukuba leyo yinyaniso. Walingqina.

94 Isiprofeto sika Isaya, ngaxa lithile, into engazange yakhe yenzeka; zange yenzeka ngaphambili, kwaye zange kususela. Wathi, "Intombi iya kumitha." Ungacinga ukuba umfazi, ngaphandle kokwazi indoda, angaba nomntwana? Wathi u-Isaya, "Intombi iya kumitha."

Kwaye uThixo wenza ukuba intombi imithe, ukungqinela iLizwi Lakhe lenyaniso. Walingqinela iLizwi Lakhe, kuba intombi yamitha kwaye yazisa uNyana.

95 Ngoku, ela Lizwi lenziwe inyama, khangela ukuba Lenza ntoni na. Xana la Nyana wezayo, WayeliLizwi ngoKwakhe. "Ekuqalekeni ube ekho uLizwi, waye uLizwi ekuye uThixo, waye uLizwi enguThixo. ULizwi wenziwa inyama, wahlala phakathi kwethu."

96 Wayelela Lizwi liphilayo. Wangqina ukuba Wayelela Lizwi liphilayo. Wathi ke kwabo befundisi baloo mhla, "Ngubani na onokuNdigweba ngesono?" *Isono* "kukungakholwa." "Ngubani onokuNdixelela ukuba Ndingonga kholwayo? Lonke iLizwi elibhaliweyo ngaM, lizalisekile." Iingqikelelo ezisixhenxe zokugqibela zobomi Bakhe zazaliseka kwiiyure ezisixhenxe zokugqibela, emnqamlezweni. Yonke into eyayibhalwe ngaYe, yazaliseka, ngokuba WayeliLizwi. Wangqina ukuba Waye, nguye. Waphilisa abagulayo. Wavusa abafileyo. Woyisa ukufa, isihogo, kwanengcwaba. Wangqina WayeliLizwi.

Qaphela esi siganeko silapha endlwini kaYayiro. Waye. . . Wayebaxelele inyaniso. Simbona Yena xana Wayewela ulwandle. Uyangena.

97 Kwakukho umfazi omncinane phezulu endulini, owayechithe yonke imali yakhe koogqirha. Akukho ntandabuzo, oogqirha babekwenzile konke ababekwazi ukuba kwenziwa njani, ukuze baphilise umfazi; mhlawumbi oogqirha bamaHebhere, kwaye lowo yayingumfazi ongumHebhere, ke babenze konke ababenako ngenxa kadade wabo. Nangona, babengenanto yokumisa elithombo legazi, ekwaku, mhlawumbi, ilixa lokuyeka ukuya exesheni kwaye negazi lakhe laphuma wade wa. . . into encinane yayibuthathaka kakhulu sekunzima nokujikeleza nokunye. Kwaye wayevile ngoYesu. Wathi akubona umkhombe omncinane utyhala kwimingcunube, wehlela ezantsi esiya kufumanisa.

98 Uninzi lwabagxeki Bakhe babemi apho. Kwaye Akakhululekanga kubagxeki namhlanje. Ukuba babemazile ukuba WayeNgubani na, ngebenga banga ngabagxeki Bakhe. Kodwa babenga bagxeki Bakhe ngokuba babengazi ukuba WayeNgubani na.

Kwaye yiloo ndlela ke ngoMyalezo namhlanje, amadoda amaninzi alungileyo kwa nabafazi bayakungxeka Oku ngokuba bengakwazi ukuba kuyiNtoni na.

99 UYesu wathi, "Ukuba benimazile uMoses, ngenindazile Mna. uMoses wathetha ngaM. Amadoda abalulekileyo alangazelela ukuwubona lo mhla. Ukuba andiyenzi imisebenzi kaBawo waM, ke musani ukukholwa ndiM. Ndinobungqina obukhulu ngakumbi," Wathi, "kunobo bukaYohane, kuba imisebenzi leyo Ndiyenzayo, iyangqina ukuba uBawo unaM." Wayenemisebenzi emikhulu ngakumbi, ngokuba Waziswa. uYohane waziswa naye, njengezwi lalowo udanduluka entlango. Kodwa xana Esiza, Wayengulamprofeti awathi uMoses wathetha ngaye oya kuveliswa.

Njengokuba ndathi kobunye ubusuku, Uza ngamagama amathathu; igama loNyana kaThixo, uNyana womntu, noNyana kaDavide.

100 Xana Wayesemhlabeni apha, ityeli lokuqala, WayenguNyana womntu. Wayengenakuba nguNyana kaThixo ngoko; Akazange abange ukuba nguye. Wathi Wayengu “Nyana womntu.” Xana nabani na ebembuza Yena, Wathi, “Niyambona uNyana womntu; uNyana womntu.” Ngoku, “Nyana womntu” ungu*mprofeti*. Wayemelwe kukuza ngolo hlobo, ngokuba, iSibhalo, Akanakuza ngokuchaseneyo kwesaSibhalo.

101 Kungenxa yoko, namhlanje, ukuba owethu—owethu uMyalezo wale yure awunakuza ngezifundiswa ngezenkolo, imelwe kukuba ibuyele kwinto enye eyayithembise ukuyenza. Kumele kube ngolohlobo.

102 Ke sifumanisa ukuba, kule Ndoda, Kwakumele ibe ngumprofeti. Hayi uNyana kaThixo phaya, Wayemelwe kukuba nguNyana womntu. UYehova ngoKwakhe wababiza abaprofeti, uYeremiya nabo, “Nyana womntu.” “Xana nimbona uNyana womntu . . . ” “Ngubani na uNyana womntu?” baqhubeka bebuza.

103 Ngoko, Wayesebenza isikhundla Sakhe njengoNyana womntu. Waze Wasebenza isikhundla Sakhe ngoku njengoNyana kaThixo. UThixo unguMoya, kwaye xana ngoku Esebenza kuzo iZigaba zeBandla, njengoNyana kaThixo. Ngoku, kwiMillennium, Uyakuba nguNyana kaDavide, xana Ehleli etroneni kaDavide. Uza kuba yindlalifa kwitrone, uNyana kaDavide. uNyana womntu, uNyana kaThixo, uNyana kaDavide, kwaye ikwayiNdoda enye lonke ixesha.

104 Kanye njengoYise, uNyana, noMoya oyiNgcwele; isikhundla sikaThixo. WayenguThixo uYise, ngoko Waba nguThixo uNyana, ngoku UnguThixo uMoya oyiNgcwele. Hayi ooThixo abathathu; uThixo omnye, ukuzibonakalisa okuthathu, iimpawu ezintathu zoThixo omnye.

Ngoku siyafumanisa, kwaye kule yure esiphila kuyo ngoku, uThixo uyaligcina iLizwi Lakhe kanye njengokuba Wenzayo ngoko.

105 Sifumanisa ukuba Waza enqumla ulwandle. Lo mfazi waMkholwa, kwakukho into ethile ngaphakathi kuye eyaqalisa ukubetha. Wayengenaso iSibhalo sayo, kungekho Sibhalo ngaphaya sokuba uYoshuwa kwafuneka amise ilanga, kodwa wakholwa entliziyweni yakhe ukuba WayenguNyana kaThixo. Ke wathi, “Ukuba nje ndinokuchukumisa ingubo Yakhe, ndiyakuphiliswa.” Ke wanyanzelisa phakathi kwesihlwele wada wayichukumisa ingubo Yakhe, kwaye lanqamka ke igazi.

106 Ngoku, Wajonga kwisihlwele, ukukhangela ukuba ngubani na oMchukumisileyo. Ngokungathandabuzekiyo, kwakukho uthile. Wema. Bonke abantu baMxinile; kwaye abanye behlekisa ngaYe, abanye beMhleka; umbingeleli emi apho eMbuza, nabefundisi, na njalo njalo. Kodwa kukho abathile abakholwayo

kuYe. Kwaye, kwaye emva kwethuba Wema, ngequbuliso, wajika, wathi, “Ngubani oNdichukumisileyo?”

107 Abanye babo bathi, “Kutheni, Mongameli!” Ndiyakholwa ukuba yayinguPetros owathi, “Ngoba, isihlwele sonke siKuxinile. Kutheni, ngubani ‘okuchukumisileyo’ Wena? Ngoba, wonke umntu uyaKuchukumisa!”

Wathi, “Kodwa ndiyaqaphela ukuba amandla aphumile kuM.” Waba buthathaka. Yayiluhlobo olwahlukileyo lokuchukumisa.

108 Ukuba nje besinokukubona oko, mzalwana, dade! Ukuba unokuMchukumisa ngolo hlobo luthile! Owu, bantu abagulayo, ndilungiselela ukunithandazela, kwimizuzu nje embalwa. Ndiyakholwa ukuba ndinoMoya oyiNgcwele, akukho Moya oyiNgcwele ngaphezu kwalowo unawo kanye phandle phaya, la madoda anawo apha. Kwalo Moya oyiNgcwele mnye, kodwa ngumyalelo kaThixo; kwaye ukuba uyakholwa oko ukuba ngumyalelo kaThixo, wokuthandazela abagulayo, nokubeka izandla phezu kwabo, nokukhupha oomoya abangendawo, nezithembiso Azenzileyo, kuyakuba yinto enye nawe. Uyakufumana oko ukucelileyo, ukuba ungayikholwa.

“Ingaba uyakholwa ukuba Ndinako ukukwenza oku?” watsho uYesu.

109 “Ehe, Nkosi, ndiyakholwa,” yatsho indoda enomntwana onesathuthwane, “Ndiyakholwa ukuba Wena unguNyana kaThixo lowo wayezakuza ehlabathini.” Ngoku, siyazi ukuba oko kunokuthatha kuphela esa similo ukuzisa iziphumo.

110 Ngoku, ngokukhawuleza, makhe sicinge ngaYe umzuzwana, nanku Usendleleni Yakhe enyukayo. Umbingeleli omncinane wehla, akukho ntandabuzo kodwa la mfo mcinane wayelikholwa lomda.

111 Baninzi kakhulu ehlabathini namhlanje, amakholwa amancinane asemdeni. Bafuna ukukholwa Oko. Bafuna ukukholwa ukuba uMoya oyiNgcwele uyinene. Bafuna ukukholwa ukuba oku yintshukumo yabapostile, njengoko uThixo wathembisayo ngemihla yokugqibela uya kumthulula uMoya Wakhe. Thina . . . ufuna ukukholwa kuMalaki i-4, okokuba Wathembisa, ngemihla yokugqibela u—uKholo loqobo lwepentekoste luya kubuyiselwa emva kwi—kwi bandla kwakhona.

112 UMalaki 4 uyayibanga. “Yabonani, ndiya kuthumela kuni u-Eliya ngomhla wokugqibela,” kulungile oko, “kwaye uya kulubuyisela uKholo lwabantwana kooyise kwakhona,” yabona, “uKholo looyise kubantwana, kananjalo.” Yabona, imelwe kukuba njalo.

Uthi, “Ke, lowo yayinguYohane umBhaptizi.” Hayi, hayi.

113 UYohane umBhaptizi wayenguMalaki i-3. Kunjalo oko. UMateyu i-11 utsho njalo, "Ukuba unganokukwamkela, lo ngulowo kuthethwe ngaye, 'Yabona, Ndiyamthuma umthunywa waM phambi kobuso baM.'" Yayingu-Eliya, ngokuqinisekileyo. UYesu wathi yayinguye. Kodwa hayi u-Eliya kaMalaki 4, konke konke.

114 Ngokuba, "Kwangoko emva kwaloo Myalezo, ihlabathi liya kutsha ngumlilo, ke wona amalungisa aya kuhamba phezu kothuthu lwabangendawo." Ke akuzange kwenzeke ngexesha likaYohane. Simelwe kukuba noMyalezo otshayelayo ubuye ukhuphe abantu kuzo zonke ezi meko zobuhlelo, ubabuyisele emva kwelakuqala, uKholo lwenene lwepentekoste. Kwaye siyakubona kusenziwa, kuzalisekisa iSibhalo esimelwe kukwenzeka. Zonke iZibhalo kumele zizaliseke. Kokungakanani okwalonto esinokuku sebenzisa, inganditHatha ixesha elide kunexesha lam ngoku, ukubonisa. Kodwa uyaziqonda ezi zinto, ukuba zimelwe kukwenzeka kanye nje ngolu hlobo, kubantwana baka-Abraham, njengoko Wathembisayo.

115 Simbona uYesu enyuka ngoku ukuya kuphilisa intombazana encinane. Kuba, uyise, ikholwa elincinane lasemdeni, into ethile wafika kwindawo ekwakufanele ukuba amqonde kuyo uYesu, ke, ugqirha wayemncamile. Kwaye wathwala umnqwazi wakhe omnyama omncinci kwaye wehla waya kufumanisa ukuba angamfumana na uYesu. Yabona, Uhlala ekhona phaya xana uMfuna. Wamfumana kanye esiza elunxwemeni.

116 Waze wathi, "Yiza kwintombazana yam encinci, ubeke izandla Zakho phezu kwayo, kwaye iyakuphiliswa." Wathi, "Ulele kwiqondo lokufa. Ngumtwana wam okuphela kwakhe." Wathi, "Uneminyaka elishumi elinesibini ubudala. Asinabo abanye abantwana. Unkosikazi nam," mhlawumbi, "siba badala. Kwaye lona kukuphela komntwana esinaye, kwaye ulele kwiqondo lokufa. Nkosi, ndiyakholwa kuWe. Ukuba Unokuza nje ubeke izandla Zakho phezu kwakhe, uyakuphila."

Yabona, yintoni awayiqaphelayo? Waqaphela ukuba ukuba ela Lizwi lalithenjisiwe likaThixo lalibonakalaliswa kule Ndoda.

117 Kanye njengokuba uNikodemo watshoyo, "Rabhi, mfundisi, siyazi ukuba Wena ungumfundisi ovela kuThixo. Siyayazi. AbaFarisi babeyazi." Kutheni bengazange bayivume? "Akukho mntu unokuzenza izinto ozenzayo Wena, ngaphandle kokuba uThixo wayenaYe. Siyazi ukuba uvela kuThixo."

118 Apha sifumanisa ukuba uYayiro wayekholwa kwaloo nto inye. Wathi, "Yiza ubeke isandla Sakho." Wayesazi ukuba uThixo wayekuYe. "Beka izandla Zakho phezu komntwana wam. Nangona ekwiqondo lokufa, uyakuphila."

119 Wahamba nje naye. Kwaye ngethuba wayehamba, naku kusiza imbaleki, yaze yathi, "Musa ukuMkhathaza, musa

ukumkhathaza uMfundisi ukuya phambili. I—intombazana, ifile, imkile ngoku. Idlulile."

Wajika uYesu wathi kuYayiro, wathi "Anditshongo na kuwe, 'Ukuba nje unganokukholwa, uya kulubona uzuko lukaThixo'? ukuba unokukholwa nje!"

120 Wangena egumbini, kwaye nabo belapho, bonke besenza isijwili, bekhala, kwaye belila, njengaye nawuphi na umntu engakwenza. Intombazana entle encinane, intombi kamalusi, yayifile, yaze yakhutshelwa ngaphandle kweli hlabathi. Kwaye mhlawumbi wayesele efile iiyure, kwaye ke bambeka phandle esingqengqelweni, kwaye babesele belungele ukuwuqhola umzimba wakhe, mhlawumbi, kwaye bambeke kude, ukuze bangcwabe.

Emva koko sifumana ukuba uYesu wangena endlwini. Babelila bonke. Wathi, "Thulani." Wathi, "Akafanga, kodwa ulele."

121 Ngoku unokuthelekelela ukuba babecinga ntoni? "Ngokuba, le ndoda siyayazi, ngoku. Siyaqonda ukuba Ungumntwana ozelwe ngokunge mthethweni. Kwaye siyeva ngoKwakhe, konke ukuqikelela Kwakhe okungacingisiswanga Akwenzayo. Kwaye ngoku siyazi ukuba umbingeleli unyanisile, 'lendoda iphambene,' kuba siyazi ukuba ufile. Ugqirha umazise 'efile,' kwaye nanko elele. Undulukile, kwaye siyazi ukuba ufile." Bathi, baMhleka ngokugculela, ngamanye amazwi, baMenza waziva ehlazekile, ngoKumgxeka.

122 Kodwa Wayesetshilo ukuba wayengafanga. Kuthabatha oko kuphela. "Ulele." Akukhathaliseki nokuba bangakanani na abagxeki, Uzakulingqinela iLizwi Lakhe! Wabakhuphela ngaphanle bonke endlwini, wabakhupha bonke abangakholwayo. Wathabatha uPetros noYakobi noYohane amakholwa, amangqina amathathu, noyise nonina, wangena waze wayibamba intombi ngesandla, kwaye wathetha ngolwimi olwawubizayo umphefumlo wayo ubuye umva ukusuka kwindawo ethile phaya ngapesheya kwinguNaphakade. Kwaye yaphila intombi.

123 Wenza ntoni na Yena? Walingqinela iLizwi Lakhe. Wakungqinela oko Wakuthethayo. Wayengafanga. Wayelele. Ngoku sifumanisa, ekwenzeni oku, eqaphela, kwaye Wangqinela into engenye apho. Ngoku Wangqina ukuba WayenguThixo. Wangqina ukuba Wayenolwazi lwangaphambili. Khangela ukuba iLizwi Lakhe lithini ngoku. "Akafanga, kodwa ulele." Yabona, wayengafanga, kwa indawo yokuqala. Wayelele. Wabonakalisa ulwazi Lwakhe lwangaphambili. Ngoku, kusenokwenzeka ukuba kwakukho iintombi ezininzi ezafayo kwangaloo ntsasa inye, kodwa le yayingafanga. Wayelele, njengo Lazaro wayenjalo. Kwaye Wambiza ukuba aphume kobo buthongo, ngokuba wayengafanga.

124 "Kwaye lowo ukholwayo kuM, nokuba ubethe wafa, wodla ubomi; kwaye nabanina odla ubomi ekholwa kuM, akasayi kufa." Kuphela ngabo bakwiNcwadini yoBomi yeMvana, abo Wabahlangulayo xana Wafayo, ngabo Aya kubabiza baphume kobo buthongo, ngaloo mini, abo badliswe ubomi ngamandla Akhe, abo banalomandla adlisa ubomi alele kubo. Kwa nanjengoko Ndithe kubusuku bayizolo; kwa nasemveni kokufa kuka Elisha, kwaye namathambo akhe ayelele engcwabeni, loo mandla adlisa ubomi ayesesemathanjeni akhe.

125 Ngokuqinisekileyo, Wangqina ukuba WayenguBani na. Ngoku sifumanisa kwakhona, kwangokunjalo, Wangqina kananjalo, ukuba, kumaHebhere isahluko se-4 nomqolo we-12, Wangqina ukuba WayeliLizwi likaThixo. Ngokuqinisekileyo wenjenjalo. Qaphela into Awayenzayo. AmaHebhere, 12, amaHebhere 4:12 athi, "ILizwi likaThixo linamandla ngakumbi, libukhali ngaphezu kwekrele elintlangothi-mbini, kwaye—LikwanguMcaluli weengcingane nezicamango zentliziyo." Khagela nje okomzuzwana ngoku.

126 Xana Waqalisayo ulungiselelo Lwakhe, emva kokuba Waphumayo ukubonisa ukuba WayeliLizwi, xana Wayephuma entlango ekuhendweni Kwakhe, kwakukho indoda egama linguPetros, igama layo ngoko lalinguSimon. Weza kuYesu eno-Andreya umzalwana wakhe. Kwaye kwamsinyane nje ukuba ehamba esiya eBukhoneni bukaYesu Kristu, uYesu wathi, "Igama lakho unguSimon. Kwaye uyihlo waye ngu-Jonas. Ukususela ngoku uyakubizwa ngokuba unguPetros." Oko kwangqinela ukuba wayeliLizwi, ngokuba iLizwi linguMcaluli weengcingane nezicamango zentliziyo. Waye liLizwi.

127 uFilipu wakubona oku kusenzeka. Wanduluka wajikela ngentaba, wahamba usuku, kwaye wabuya. Kwaye weza nomhlobo ogama lingu Nataniyeli. Kwaye wathi, "Ezi zinto ziyenzeka ngokwenene. Wathi uMoses 'iNkosi uThixo wethu izakuvelisela umProfeti' onjengaye, kwaye apha nantsi leNdoda. Ngokuba, Waxelela uSimon ukuba wayengubani na, nokuba wayengubani uyise, kwaye siyazi ukuba oko Akuthethayo yinyaniso. Ngokuba, uThixo wakuthetha eLizwini, kwaye naku kungqiniwe ukuba Wayeza kukwenza oko, kwaye oko kungqina okokuba lowo nguMesiya."

Kwaye xana wenyuka waya eBukhoneni Bakhe, uYesu wathi kuye, wathi, "Nanko umSirayeli ekungekho nkohliso kuye."

Wathi, "Rabhi, undazi nini Wena?"

Wathi, "Phambi kokuba uFilipu akubize, xana wawu phantsi komthi, ndakubona." Walingqinela iLizwi Lakhe. Walingqina iLizwi likaThixo. Wakwenza.

128 Umfazi equleni, xana wayene...Ke, Wamcela ukuba amvumele Asele amanzi emphandeni lowo wayesikha amanzi ukusuka equleni, kwaye wathi, "Akuvumelekile kuni maYuda

ukuba nisicele thina bafazi bama Samariya into enje ngaleyo, ngokuba asinabudlelane."

Wathi, "Kodwa ukuba ubusazi ukuba ubuthetha naBani, unge ucele kuM amanzi;"

Wathi, "Iqula linzulu."

Kwaye incoko, njengokuba yayiqhubela phambili, ekugqibeleni Wafumanisa ukuba yayiyintoni na ingxaki yakhe. Kwaye Wathi, "Hamba uye kulanda umyeni wakho, kwaye nize apha."

Wathi, "Andinaye umyeni."

Wathi, "Uthethe inyaniso, kuba ubunababahlanu, kwaye nalo uhlala naye ngoku asingomyeni wakho."

129 "Ngokuba," wathi, "mhlekazi, ndiyaqaphela ukuba Ungumprofeti." Wa... "Asikhange sibe nomnye kwiminyaka engamakhulu amane, uyazi." Wathi, "Ndiyaqaphela ukuba Ungumprofeti. Ngoku, siyazi ukuba xana athe wafika uMesiya, ekuthiwa nguKristu, xana Efika, Uyakusixelela izinto eziloluhlobo. Oko kuzakuba ngumqondiso Wakhe."

Xana Wathi, "NdinguYe lo uthethayo nawe," Walingqinela iLizwi Lakhe. Wa... siyakungqinela oko Abanga ukuba ukuko. Wayengu Mesiya, uNyana kaThixo.

130 Ngoku sifumanisa, kananjalo, ukuba lo mfazi mncinane wayene thombe legazi, owachukumisa ingubo Yakhe, oko kananjalo kwamnqqinela ukuba WayeliLizwi likaThixo.

131 Ngoku khumbulani, ngokuhlwanje, uYesu wathi... Kananjalo, kumaHebhere, i-1, kumaHebhere isahluko se-3, ndiyakholwa ukuba siso, Wathi oko, "Yena ngoku unguMbingeleli Omkhulu," esi sigaba siphila kuso ngoku, "uMbingeleli oMkhulu ohleli eBungangamsheni bukaThixo, emaZulwini, onokuchukunyiswa yimvakalelo yobulwelwe bethu."

AmaHebhere i-13:8 athi, "Usekwanguye, izolo, namhlanje, nangonaphakade." UsekwaNgulo Thixo mnye lowo wayeNguye ngoko. UkwaNguye ngobu busuku.

132 UYohane oNgcwele 14:12 Wathi, "Lowo ukholwayo kuM, imisebenzi eNdiyenzayo Mna uza kuyenza naye. Kwanengaphezu kwale uya kuyenza, ngokuba Ndisiya kuBawo waM." Yabona? "Lowo ukholwayo kuM, le misebenzi ndiyenzayo Mna uya kuyenza naye."

133 KuMateyu 28, Wathi, "Kuyakuba lixeshana ihlabathi lingabi saNdibona, ke nina niyaku Ndibona, kuba Ndiya kuba nani kude kube sekuphelisweni kwephakade."

134 UYesu Kristu isekwanguye izolo, namhlanje, nangonaphakade. Umi, ngokuhlwanje, ukungqinela iLizwi Lakhe. (Ixesha lam liphelile.) Kodwa Wakungqinela

ukuba Unako. Walingqinela iLizwi Lakhe ngoko, oko Wayekuthembisile kwa loo mhla. Wangqinela amazwi ka Isaya. Wangqinela amazwi kaNowa. Wangqinela amazwi kaMoses. Wangqinela onke amazwi wabaprofeti.

135 Wathembisa ukuba ngalo mhla, umhla esiphila kuwo, ukuba ihlabathi liza kuba kwimeko yobuSodom, amafanasini. Yikhangele nje ehlabathini namhlanje, kwihlabathi lonke jikelele apho ndihamba khona; hayi apha kuphela, kuyo yonke indawo. Imbi kakhulu. ESweden, abafana abaselula kunye nabafazi baya kutyibilika ekhephini, behamba ze. Kwaye banjalo eJamani naseFransi, nakuyo yonke enye indawo, imalunga nje nohlobo lwengxubevange esinayo apha e-United States. Sisigaba. Ndi, ukuba ndithe ndafumana ithuba, ndabuya ndizakuthanda ukuthetha ngezinye zezinto zesiprofeto kuni, ukunibonisa oko, isigaba esiphila kuso. IBhayibhile yatsho ukuba, "Abantwana bayakulawula abazali babo." [Indawo engenanto eteyiphini—Mhl.]

136 . . . Ilizwi. Kodwa, khumbulani, u-Abraham wayenembewu, ekwakuyimbewu u-Isake. Waba nezinye iimbewu emva kokufa kukaSarah. Kwaye waye eneminyaka elikhulu elinamanci mane anantlanu, wazeka omnye umfazi, wazala oonyana abasixhenxe ngaphandle kweentombi, ngokuba uThixo wayemguqulele ekubeni ngumfana osemncinci xana wayenekhulu leminyaka ubudala. Wayenamashumi amane anesihlanu kwakhona, ke ngoko wa . . . Siyakwazi oko. Ndikushumayele oko apha eCalifornia, kwiminyaka eyadlulayo.

137 Kwaye ngoku siyaqonda ukuba iMbewu ka-Abraham kwakunge yombewu ngoku hlangana ngokwenyama noSarah, ekwakungu Isake, owenza isizwe, kodwa iMbewu yasebukhosini yayingokwedinga, ekwaku nguYesu Kristu. Kwaye ngaloo Mbewu, Wavelisa iMbewu yasebukhosini. Owu, bethu! Ngoku sibububingeleli basebukhosini, isizwe sasebukhosini, isizwe esingcwele, sinikela iindumiso kuThixo, idini lemilebe yethu sinika indumiso kwiGama Lakhe. UThixo walingqinela iLizwi Lakhe, Wathululela uMoya oyiNgcwele phezu kwethu.

138 Wathi, "Njengoko kwakunjalo ngemihla yaseSodom, ke kuyakubuya kube njalo ngosuku xana uNyana womntu eza kutyhileka." Ngoku uqaphele? Ukusuka kuNyana kaThixo, nje phambi kokuba Abe nguNyana kaDavide, Uzityhila kwakho Yena nje ngoNyana womntu. Usiqaphele iSibhalo?

139 Kuba, Uhlala ekwenza, Azange enze nto ngaphandle kokuba Ayazise kubakhonzi Bakhe abaprofeti. Koko kanye. Koko lalikuko idinga Lakhe. Yabona? Akakhe enze nto . . . UThixo akanakuxoka. Uhlala eyityhila, kuqala, ngaphambi kokuba Ayenze.

140 Khangela imeko esihleli kuyo namhlanje. Khangela apho sikhoyo. Ngamnye kuni uyakuvuma ukuba sikwi-Sodom

yangoku. Uyazi ukuba eli lizwe lisengxakini. Kukho i. . . ngaphaya kwamathemba; akusekho lusindiso luseleyo kwesi sizwe okanye nasiphi na esinye isizwe. Singaphaya koko ngoku. Iziprofeto ezaprofetwayo malunga noku, zizalisekile. UThixo uyabhikica, efuna loo mvu incinane yokugqibela naphi na. Kuya kungena konke, ngolunye usuku. Sikwixesha lokugqibela. Khangela, ngokwendawo.

141 Ndiyanicela, kanye nje ngomzalwana okanye udade, ukuba nakhe umzuzwana nje wokholo ngakumbi phambi kokuba sithandazele aba bantu. Kwaye ndiyazi ukuba akumele sihambe ngaxesha lithile. Kodwa ndi—ndi—ndifuna ukuqalisa umgca wokuthandazela, emva koko nina enimelwe kukuba nihambe nihambe ngoko. Yabona? Nina bafuna ukuhlala kumgca wokuthandazela ningahlala. Kodwa ndivumele nje, njengo mzalwana, ndinikhombise into ethile okomzuzwana.

142 Khangela uYesu, kuLuka 17:30, yabona, xana Wayethetha phaya malunga nexesha lokugqibela, indlela ababeya kufana ngayo nemihla kaNowa. Ngoko Wathi, “Kwaye njengokuba, kwakunjalo, ngemihla yaseSodom,” wathi, “xana uNyana womntu etyhilekile.” UNyana womntu kwakhona, kungekhona uNyana kaThixo. “uNyana womntu,” yabona, oko kuzisa uMalaki 4 kwakho, kanye emva kanye. Zonke ezi ezinye iziprofeto zingena kanye, indlela ekumele kwenziwe ngayo. Uyalingqinela ukuba linjalo iLizwi Lakhe. kulungile oko.

143 Kwaye qaphela, ngokwenza kanjalo, Uza kumthulula njani uMoya Wakhe phezu kwayo yonke inyama, kwaye kuya kwenzeka ntoni na, ukuba ukubuyiselwa kuza kubuya njani. “Kwaye oonyana neentombi zenu ziya kuprofeta. Phezu kwabakhonzazana baM nabakhonzi Ndiyakuwuthulula uMoya waM. Kwaye Ndiya kubonisa imiqondiso emazulwini phezulu.”

144 Ndinomfanekiso apha, kaMzalwana uLee Vayle olapha. Ndingathanda ukunibonisa kanye nje okwenzekayo phezulu entabeni, ngenye imini, xana bonke abantwana besikolo baphumayo, kanye phambi kwale ngongoma inkulu yavulekileyo, looMatywina aSixhenxe. Xana abantwana besikolo baphumela ngaphandle, ndandiphaya phezulu ndithandaza, nanku uMlilo usihla nje ukwifaneli, ngoko ubuye unyuke ugqabhuke, ujike ubuye uhle kwakhona. Koko Wakutsoyo into yokuya kuxelela abantu. Thina. . . Nantso Yona ilapho, apho izikolo zaseTucson. . . kwaye nalapho Yenyuka yaya emoyeni.

145 Kwaye inzululwazi yathabatha imifanekiso, nanjalo njalo, babuza ngaYo. Bathi, “Iphi? Kwenzeke ntoni?” Abanokwazi ukuyazi, yabona. Owu, ayenziwanga ekoneni, kuphela sisazela esenziwe mnyama. Ayizange. . . uYesu, xana Wayelapha, kwakukho izigidi zabantu abangazange bazi ukuba

Wayesemhlabeni. Ehe. Kuyakubakho izigidi namhlanje ezingayi kuqonda, amashumi ezigidi zabo.

146 Kodwa kuyakubakho, kwabo Ithunyelwe kubo, bayakuqonda. "Ke zona izilumko ziya kumazi uThixo wazo ngolo suku, kwaye zenze izinto ezinkulu." Siyakuqaphela oko, iyure esiphila kuyo ngoku.

147 Khangela eSodom ngoku, khangela ukuba kwenzeke ntoni na. Wathi, "Njengoko kwakunjalo ngemihla yeSodom." Kwakukho iqela labantu elalikhangele unyana wedinga. Siyakukholwa oko. Kwaku ngu-Abraham lowo neqela lakhe. Kwakukho igquba elidikidiki, uLothe, ebuye umva isiqingatha, kodwa elikholwa; ezantsi eSodom. Iindidi ezintathu zabantu.

148 Kuhlala kukho iindidi ezintathu. UHam, uShem, abantu bakaYafete. Kananjalo, amakholwa, namakholwa okuzenzisa, nabangakholwayo. Bakho kuyo yonke indawo, kwaye si—sibafumana kwiqela ngalinye. Kwaye, kuyo yonke indawo, uyakubafuman. Kwaye eloqela liselapha. Kumele ukwahlule oko. Ungayithabatha kuso sonke iSibhalo, iyakuzidibanisa nje kanye ngokwayo.

149 Phulaphulani koku. Khangela apho sihleli khona, ngokwendawo nangokwesi profetho, kobubusuku. Ngoku, sonke ngabanye siyazi ukuba ihlabathi likwimeko yeSodom.

Siyazazi zonke iziprofeto zikaSirayeli, uselizweni lakubo. Ukuba ufuna ukwazi kwilizwe ngokobuzwe apho simi khona, khangela uSirayeli, ukuba uphi na.

150 Ukuba ufuna ukwazi imeko yebandla, khangela indlela abafazi abenza ngayo. Ulibandla. Mbone, ukuziphatha kakubi, akanasidima; khangela, ubone ukuba liphi na ibandla. Yijonge nje, yabona, yabona, khangela nje abafazi. Uyabona apho, indlela abaphantsi ngayo abafazi benu kwaye bangcole ngolona hlobo, leyo yindlela ibandla lenu eliyiyo, yabona, umfuziselo.

151 Khangela ukuba uphi na uSirayeli, uyalibona ixesha esikulo. Yabona, khangela nje loo miqondiso nezimanga. Ukuba u—ukuba u, okanye ukuba amehlo akho avulekile, bona apho sikhoyo.

152 Ngoku khangela ngokwendawo apho sihleli khona, ihlabathi likwimeko yeSodom. Ngoku qaphela, "njengokuba kwakunjalo." Ngoku qaphela, kwakukho umntu othile, ngaloo mhla, owayekhangele ukuza konyana wedinga. U-Abraham noSara, babelindele unyana wedinga kwiqela lika-Abraham. Babengekho eSodom. Kodwa nje kulo mzuzu, isahluko sokugqibela sesi ganeko, kanye nje phambi kokuba unyana wedinga eze, kwakukho amadoda amathathu ehlayo evela eZulwini, iNgelosi. . . iiNgelosi ezimbini noThixo. Kwaye ehla athetha no-Abraham, phantsi komthi wom-oki. Ingaba oko kunjalo? Kwaye ababini kubo behla baya eSodom, bamemeza nxamnye nezono zesi xeko. Kwaye

kwakuphambi nje kokutshiswa kwehlabathi leeNtlanga, ngelo xesha. Yonke iSodom yatshabalala kanye ngoko. Bambalwa nje abakhutshwayo, uLote neentombi zakhe ezimbini. Unkosikazi wakhe akazange aphumelele; wabuya umva. Ndingathanda kangakanani nje ukuba nexesha lokunibonisa oko kanye ngoku, apho ela bandla limi kulo ndawo. Ndifuna wena uqaphele ngoku.

153 Kwaye iNdoda enye yasala ngasemva, eyayithetha no-Abraham, kwaye Yenza umqondiso ku-Abraham. Kwaye, khangela, u-Abraham wayembonile uThixo kwimiqondiso emininzi emikhulu. Siyakukholwa oko, asinjalo? Ngaphambi nje kokuza konyana. Kodwa ngaphambi kokuba unyana abonakaliswe, kwakukho umqondiso awawunikwayo.

154 Ngokuba, uNyana, uNyana wenene, wayeza kuba nguNyana kaThixo, ngokholo luka-Abraham, yabona, kwaku nguYesu. Siyimbewu ka-Abraham, sifile kuKristu, siyimbewu ka-Abraham.

155 Qaphela ngoku nje phambi kokuba kwenzeke oko, lo nyana uzayo. Ngoku, Lowo wahlalayo wathetha no-Abraham, umhlana Wakhe wawufulathele intente, kwaye Wathi, "Abraham." Ngoku, usuku nje phambi koko, wayengu- Abram. Ngoku wathi, "Abraham, uphi na uSarah umkakho?" hayi uSarra, S-a-r-r-a. S-a-r-a-h, nkosazana. "Uphi na uSarah umkakho?"

Wathi, "Usententeni emva Kwakho."

156 Wathi, "Ndizakukutyelela, yabona, ngokwedinga Lam eNdakwenzela lona." Ngamanye amazwi, "Ixesha lobomi, uSarah uza kuqalisa kwixesha lakhe eliqhelekileyo lobomi kwakhona."

157 Kwaye uSarah, ekubeni emdala, enekhulu leminyaka ubudala ngoku, ententeni, wahleka ngokufihlakeleyo. Yabona, wazincumela, wathi, "Inokuba ingachana njani la Ndoda? Yabona, mna xhegokazi, inkosi yam u-Abraham phaya phandle, nayo indala, umcimbi wosapho wawungasekho iminyaka." Wathi, "Ndingathini na ukubuya ndiyolelwe nenkosi yam kwakho? Yona ekubeni indala, nam ndimdala, ndidlule ukuzala, imithambo yobisi iphelile, yonke. . .'Wayomile.' Sinokubuya siyolelwe njani kwakho?"

158 Kwaye loo Ndoda, ijongise umhlana Wayo ententeni, yathi, "Kutheni uSara ehleka, esithi, 'Zinokwenzeka njani ezi zinto?'" Kwakuyintoni oko? Ukucalula, isiprofeto! Yabona? Yabona? Yilonto ayibonileyo.

159 Ngoku Yathi, "Oko kuza kubuya kwakho, kwaye uNyana womntu," owayenguye lowo, uNyana womntu kanye apho. Ke, wamBiza u-Elohim, "Nkosi uThixo." U-Elohim, nabani na uyazi ukuba kulungile oko, u-Elohim yiNkosi uThixo. "Ekuqalekeni u-Elohim wadala amazulu nehlabathi," Lowo Wanele Konke. UNyana womntu enziwe inyama, nguYe lowo

emi apho esenyameni ngelo xesha, njengomzimba welizwi, emi apho ecalula oko uSara wayekuthetha ententeni emva Kwakhe. Wathembisa. Jonga. IMbewu yobuKumkani ka-Abraham ithenjiswe ukuba iyakubona kwaloo nto inye.

160 Kodwa qaphela uLothe, wayeno mthunywa ezantsi phaya, naye, ababini babo behla baya apho. Omnye wabo wehla, nomnye wehla naye, kwaye bashumayela kwaye babiza abantu ukuba basabe kuyo ingqumbo eyayiza kuza.

161 Ngokwendawo, ihlabathi alikaze lihlale kuloo ndawo, ukususela kumhla awathi uYesu wenza ngawo idinga, kude kube ngoku. Ndifuna ukubuza nawuphi na umbhali-mbali onokuba kwesi sakhiwo, okanye nokuba uva kule teyiphu, kwaye liveni nangaliphi na ixesha, ncedani nindibhalele. Ndifunde imbali ngoku malunga neminyaka engamashumi amathathu, imbali yeBhayibhile, kwaye akuzange kubekho mntu endakha ndambona kuyo yonke imbali yebandla, kuzo zonke izigaba ezisixhenxe zebandla. Kuba ngoku sikwiLawodike, kwaye siyakwazi oko.

162 Akuzange kubekho mthunywa, owakhe waya kwibandla liphela, ogama lakhe liphela ngo h-a-m, kude kube ngoku. G-r-a-h-a-m, uBilly Graham. Kubekho ooMoody, uFinney, uSankey, uKnox, uLuther, na njalo njalo, kodwa zange u h-a-m, "uyise kwizizwe." Ngoku khumbula, unguG-r-a-h-am, oonobumba abathandathu. Kodwa u A-b-r-a-h-a-m ngoonobumba abasixhenxe. Qaphela, baphaya ezantsi, uBilly Graham, esiya ku—kuzo zonke indawo zehlabathi, kwaye ebiza ukuphuma eSodom, "Phumani, balekani ingqumbo ezayo." Akukho mntu ndimaziyo, entsimini, lowo umbambe uThixo, kwela lizwi logwebelo, njengokuba uBilly Graham esenza. Unako ukulibonisa. Akanguye ofunde ezenkolo kangako. . . ndiqikelela ukuba ongofunde ezenkolo, kodwa akango mfundisi onamandla kangako. Kodwa uThixo unaye. La ndoda iyakuma apho njengesifundo sesikolo seCawe, ibambe abo bantu bame ngxi. Ungumkhonzi kaThixo wale yure. Kubani? Ibandla lendalo, eliseSodom.

163 Kodwa khumbula, kwakukho ibandla elinye lokomoya, elalingekho kwesasinxibo sobuhlelo, kananjalo. Iqela elibiziweyo, kwaye bamkela umyalezo, kananjalo, nomthunywa. kwaye kwaku yintoni? Ukucalula iingcingane ezazise ntliziyweni. UThixo uhlala elingqinela iLizwi Lakhe.

164 Masithandaze. Bawo oseZulwini othandekayo, lo mzuzu ubalulekileyo, apho kumelwe kwenziwe izigqibo, ixesha liyahamba, asazi ukuba yeyiphi iyure iNkosi yethu enokuza ngayo. Kwaye njengoko sibona ezi ziprofeto zenziwe nguYe, ngabaprofeti Bakho ukuhla kuzo zonke izigaba, ngoku zityhiliwe. Owu Thixo, indlela endikubulela Ngayo ngenxa yoku, okokuba kwa nomntu enokuba nakho, umntu onokuba

nakho kwi—kwimfundo ngezenkolo, enokuma nxamnye nobu amaqhinga ehlabathi kunye nabangakholwayo, naphezu kwaloo manqwanqwa, nangaphaya kwethunzi loku thandabuza bemi apho benesibindi kwaye bekhaliphile, besazi apho bemi khona kwaye bengqina ukuba ela Lizwi liyinyaniso, ngeZibhalo. Kwaye ke thina silindileyo ukuBuya Kwakho, Nkosi, sikholwa ezi zinto kungezinye ezaprofetwayo ukuba ziyakwenzeka, ukuma nokonwabela ukukubona Uhamba kanye phakathi kwethu wenze kwaloo nto Wathi izakwenzeka, ulingqinela iLizwi Lakho ukuba lilungile. Thixo onguNaphakade, abantwana Bakho abagulayo bahleli apha.

165 Andazi ukuba lingakanani ixesha esinalo lokusebenza. Ilanga langokuhlwa liyatshona. Kodwa Wena wathembisa, kumprofeti, "Kuyakubakho ukuKhanya malunga nexa langokuhlwa." Kwaye sibona kwa elalanga linye liphuma empuma, lelo litshona entshona. Impucuko ihambe nelanga kwaye ngoku sikuNxweme lwaseNtshona, kwaye iVangeli yahamba nempucuko. Ngoku, Bawo, siyazi ukuba oku kukuphela kweVangeli, ukuphela kwexesha, ukuphela kwesigaba. Lidlulela kwinguNaphakade. Kodwa Wathembisa ukuba uNyana uyakuphuma, uNyana womntu uyakutyhilwa. Ngemihla yokugqibela, oku kwakuya kwenzeka. IziKhanyiso zangokuhlwa zifikile, Bawo. Siya Kubulela ngenxa yoko. Kwaye ngokuthobeka njengoko kunjalo, ukanti uYakwenza ngokulula, kumaxesha amaninzi, ukuba idlula kude phezu kwabakhulu, ababizwa ngokuba ngaba cinga nzulu, kwaye azityhile kwiintsana zona eziya kufunda.

166 Ndiyathandaza, Thixo, ukuba wenze njalo, ngokuhlwanje, ukuze abantwana Bakho abagulayo abahluphekileyo babone idinga likaThixo, kwaye ngamnye kubo uya kuphiliswa, baze baphume apha, ngomso, benemizimba emitsha eyomeleleyo, kwaye baphile kwakho. Siphe, Nkosi, ukuze babe nokuthabatha uMyalezo ukusuka komnye ukuya komnye, ade lowo wokugqibela abe sesibayeni, kwaye ngoko iingcango ziya kuvalwa. Sincede, Thixo othandekayo. Ndiyakucela, ngobubusuku, ebusweni bako konke oku, ukuba Uphinde kube kanye nje, Bawo, ngenxa yam.

167 I—ibonakala, ngobunye ubusuku, abantu abazange bayiqaphele kangako. Kodwa, ndiyathandaza, mayenzeke kwakho ngobubusuku, Nkosi. Kuba, ndilidlulile ixesha endilinikiweyo lokuthetha, kodwa andazi ukuba kuya kuba kude kangakanani na sikwenza oku. Ke, ndiyathandaza, Bawo, Uyakundiva? Kwaye uve umthandazo wala madoda nabafazi bangcwele bahleli apha ngokuhlwanje, abazaliswe nguMoya Wakho. Bangamakholwa, Nkosi, Ungasebenza nje phakathi kwabo. Kwaye siya. . .ndiyathandaza ukuba Uliqinisekise iLizwi Lakho Olithethileyo, "Lowo ukholwayo kuM, imisebenzi le Ndiyenzayo uya kuyenza naye." Makube

njalo kwakhona, Yesu, ukungqina ukuba Usenguwe izolo, namhlanje, nangonaphakade. Ndikucelela uzuko lukaThixo, eGameni loNyana Wakhe, uYesu Kristu. Amen.

168 Ngoku, okomzuzwana nje, ndifuna ukwazi ukuba bangaphi abantu abalapha abanamakhadi omthandazo. Ndi—ndifuna niphakamise izandla zenu, ngamnye kuni abo bana makhadi omthandazo. Kulungile, ngokubanzi, ndiyaqikelela, malunga nayo yonke indawo.

169 Ndiyazibuza ukuba bangaphi abantu abalapha abangenawo amakhadi omthandazo, ukanti niyagula, ningaphakamisa izandla zenu nithi, "Andinalo ikhadi lomthandazo, ukanti ndiyagula. Ndiswele."

170 Ndifuna ukukucela ukuba ube ngothobekileyo okomzuzwana. Ngoku, ndiyakuthanda ukuthetha nani. Oko kuhlala kuyingxaki yam, ndithetha ixesha elide kakhulu. Kodwa ngaphambi kokuba uze, ndi—ndiya themba kwaye ndithemba ukuba uThixo uyakukungqina oku kunye noko ndikuthethileyo ukuba kuyiNyaniso, kwaye vumela—vumela Yena abone nje.

Ngoku, bangaphi abahleli phaya phandle abagulayo, abo baziyo ukuba andazi kwanto ngani, phakamisani izandla zenu. Jonga nje koko. Konke kulungile.

Ndifuna ningenawo amakhadi omthandazo ngoku. Amakhadi omthandazo ayakubizwa. Ndifuna nithandaze.

171 IBhayibhile ithi, "UYesu Kristu isekwanguye izolo, namhlanje, nangonaphakade." Uthi, "UnguMbingeleli oMkhulu ohleli apho esenza ungxengxezo phezu kovumo lwethu." Kumele siyivume kuqala, ngaphambi kokuba abe nguMbingeleli oMkhulu, kuba Yena uthethelela kuphela uvumo lwethu. Ingaba kunjalo, bazalwana abalungiselelayo? Yabona, Uthethelela kuphela phezu kovumo lwethu, oko sikuvumayo ukuba uNguye, lonto Asenzele yona. Hayi into A*ya*kuyenza. Sele eyenzile. Kumele sivume ukuba Uyenzile. "Wenzakaliswa ngenxa yezikreqo zethu, ngemivumbo Yakhe saphiliswa."

172 Ngoku, uBawo oseZulwini uyazi. Kwaye ndijonge phezu kwenu, kukubona ndiqaphela umhlobo wam olungileyo ovela e-Ohio, yena nenkosikazi yakhe behleli apha, nguMnu. uDauch nenkosikazi yakhe. Kwaye ndiyakholwa, ohleli kweyesibini okanye kweyesithathu kubo, kwakhona ngula Mfundisi, uMnu. Blair bendimbonile kubusuku obudlulileyo. Kumnyama phezu kwesihlwele, kum, ngenxa yezi zibane apha luhlobo lobumfiliba obuncinci, kwaye a—andiniboni kakuhle.

173 Kodwa ndifuna nithandaze. Kwaye nibeke entliziyweni yenu oko nikudingayo, kwaye nicele uMbingeleli wethu oMkhulu, Onako ukuchukunyiswa yimvakalelo yobulwelwe bethu.

174 Ngoku, mna andikwazi, kwaye unokundichukumisa nje yonke indawo, kufana nokuchukumisa umzalwana wakho,

umyeni wakho, umalusi wakho, umntu othile, ibingayi—ibingayi kwenzela nto ilungileyo. Kodwa ukuba uchukumisa Yena, kwaye ukuba ngokwenene sisemgceni noMoya Wakhe, ngoko Angasebenzisa ukholo lwakho ukuMchukumisa, nesipho sam ukuba sibuye sithethe.

175 Yabona, ndingaba ngothe cwaka nje ngoku, oku kul*apha*, kungekho lizwi lithetha ngako. Kumele ku. . .Oku, kuthulile ngaphandle kwento apha yokuthetha ngayo. Kwaye unjalo nabani na, ungothulileyo, xana kufikwa kwezi zinto, ngaphandle kokuba uThixo uyathetha ngabo.

176 Ngoku thandazani, kwaye masibone ukuba ezi zinto ndizithethileyo ziyinyaniso na. Thixo nceda ukuba kube njalo. Anditsho ukuba Uzakukwenza. ndiyathemba ukuba Uzakukwenza. Ndiyathemba ukuba Uzakukwenza. Akazange andiphoxe okwakalokunje, kule minyaka, kwihlabathi jikelele, nazo zonke iintlobo zezizwe, nezigidi zabantu. Akazange andiphoxe okwakalokunje. Kwaye ndiqinisekile, kanye njengoko ndiqinisekile ukuba ndimi apha, Akasayi kundiphoxa ngoku.

177 Ndizakunicela nje ukuba nibe nentlonipho kwaye nihlale phantsi, okomzuzwana nje. Sizaku nqumamisa esona sihlwele kwaye sithandazele abagulayo, emzuzwini nje.

178 Kodwa ndifuna nina, nina makholwa, oko ukuba nje aniyikukhangela kum, kodwa nikholwe. Yithini, "Ndiyakholwa ukuba oko indoda ekuthethileyo siSibhalo. Andazi ukuba sikude kangakanani na ngexesha njengoko esithi sinjalo. Kodwa, ukuba injalo, kumele yenzeke. Ukuba aMazwi akhe angaMazwi kaThixo, ngoko, amazwi akhe aya kusilela kodwa aMazwi kaThixo akasayi."

179 UThixo ubophelelekile ukuba alixhase iLizwi Lakhe. UzakuLingqinela. UzakuLingqinela. "Lowo ukholwayo kuM." Wangqina ukuba lo ngumhla wokugqibela. Wakungqina oko kwakuza kwenzeka. Wangqina ukuba oku kwakumele kwenzeke.

180 Kwaye, khumbula, u-Abraham neqela lakhe abazange bamkele namnye umqondiso kwakhona ovela kuThixo, wade wafika unyana wedinga. Bangaphi abayaziyo ukuba yinyaniso leyo? Loo mqondiso wokucalulula! Kwaye Mbewu yasebukhosini ka-Abraham, mandikuve. . .Mandikuxelele, ITSHO INKOSI, ufumana umqondiso wakho wokugqibela. Oko kungokweZibhalo nesityhilelo sikaThixo esisentliziyweni yam, esithetha ukuba oku yiNyaniso. Kwaye ndiyathemba ukuba uzakukukholwa ukuba yiNyaniso.

181 Ngoku niyakholwa. Wonke umntu kholwa nje, yithini, "Nkosi Yesu, mandiKuchukumise. Ndinentswelo entliziyweni yam, kwaye ndiyazi ukuba uMzalwana uBranham akazi nto malunga ngam. Andiyazi kwa indoda, ayindazi, kodwa Wena

uyazi. Kwaye ukuba undixelele iNyaniso, oku kuyakwenzeka." Ndiyakucela, musa ukushukuma ngoku, nje kancinci. Yiba yinene . . .

Yabona, ungumoya. Kwaye ndithabatha wonke umoya olapha phantsi kolawulo lwam, eGameni likaYesu Kristu, ukuze iLizwi Lakhe libe nokuzalisekiswa.

Ngoku yibani nentlonipho nje. Thandazani. Khangelani kuYe, nithi, "Nkosi, ndiyakholwa. Nceda Wena ukungakholwa kwam."

Masiqalise. Kuya kufuneka ndondele kuhlobo oluthile lwenxalenye yesakhiwo apha, ngokuba yabona, abaninzi benu, kwaye ngamnye kuni ungumoya.

182 Andinako. Uthi, "Ingaba kuthiwani malunga nam?" Bendingenako ukukuxelela. Izimele. Yonke imisebenzi kaThixo izimele. Kuzakubakho abantu abaninzi abaphiliswayo abanqumla kweli qonga, ngokuhlwanje, kuzakubakho abaninzi mhlawumbi abangekhe. Konke kusekuzimeleni kuka Thixo. Ngubani na onoKumxelela ukuba makenze ntoni na? Akukho namnye. Usebenza ngokwentando ekuye Yakhe, icebo ElileLakhe.

183 Kodwa kholwa nje. Zithobe. Musa ukuba novalo. Fikelela nje kuThixo, kwaye uthi, "Nkosi Thixo, ndiyakholwa." Yabona? "Ndivumele ndichukumise ingubo Yakho. Ndinesidingo soku *nje-na-nje*. Ndiyazi ukuba umzalwana akandazi okanye ukwazi intswelo yam, kodwa wasixelela ngezi zinto Owazenzayo, kwaye wathi Ulapha ukwanguye namhlanje."

184 Oko akunivaleli ngaphandle bazalwana balapha eqongeni, nabani na kuni. Ndiyanicela nje, bazalwana bam, nje ngabasebenzi abangoogxa be—beVangeli likaKristu. Ndithetha nani nje ngoku nyanisekileyo njengoko ndisazi, njenge—ngendoda efayo kunye nani, yabona, sishiya eli hlabathi. Kufanele sihambe. Kwaye kumele ndinike ingxelo ngoMhla woMgwebo, ngalo nto ndiyithethayo. Ndiyaqonda oko, ndiyakuqonda kakhulu. Kwaye ndiyanibulela madoda, lonto niyiyo, nimi apha kunye nam, nindinceda. Ndizama ukuninceda, ukwenza yonke into endinokuyenza, ngenxa yoBukumkani bukaThixo.

Ndiyathandaza kwaye ndicela.

Apha, bangaphi abakhe bakubona okwa kuKhanya emfanekisweni? Niyawubona umfanekiso waKo? Nakuya Kujinga kanye *apho*. AniKuboni?

185 Kuphezu kwela nenekazi lihleli phaya linetshefu yalo. Lithandazela umntu elimthandayo. Kulungile, nenekazi. Lona uthandekayo . . . Uyandikholwa ukuba ndingumprofeti Wakhe, okanye ndixolele, umkhonzi Wakhe? [Udade uthi, "Ndiyenza ngokuqinisekileyo."—Mhl.] Uyakholwa koko?

Kulungile. Ngoku, ukuba uThixo unokundityhilela yintoni engalunganga, kutheni, uzakuyamkela ukuba ivela kuThixo, kanye njengomfazi owachukumisa ingubo Yakhe? Ngoku, uyazi ukuba u—ungamashumi amabini okanye amashumi amathathu eenyawo ukusuka kum, okanye ngaphezulu, awuzange undichukumise. Kodwa uchukumise iNto ethile, leyo uyaziyo ukuba unxibelelene neNto ethile, uMntu othile. Yintoni, yeyomfazi, oyintombi yakho. Injalo lonto. Ingaba uyakholwa ukuba uza kuphiliswa? Ulikhoboka lesiyobisi. Kunjalo kanye oko. Ndimbona equbha, enxilile. Yabona? Ngoku, itshefu leyo unayo esandleni sakho, yibeke phezu kwakhe, kwaye ungathandabuzi. Ndiyakholwa ukuba uThixo uyakumhlangula. Uzakukukholwa kunye nam? Amen.

Ngoku, andimazi umfazi, kodwa uThixo uyamazi. Uyakholwa ngoku ngentliziyo yakho yonke?

186 Indoda ehleli phaya phezulu inxibe ihempe enemigca, eneqhubu, uyakholwa ukuba uThixo uzakuphilisa akwenze uphile? Uyakholwa ukuba Uzakuyenza? Andizange ndayibona indoda ebomini bam. Unalo ikhadi lomthandazo, mhlekazi? [Umzalwana uthi, "Hayi andinalo."—Mhl.] Awunalo? Awulidingi.

"Ukuba unganokukholwa!"

187 Apha kuhleli umfazi ozama ukujonga ngaphaya phezu kwalomfazi uhleli kanye apha. Ungumntu wasemzini kum. Kodwa unovalo ngenene. Andimazi. Andizange ndambona, ebomini bam. Kodwa uThixo uyamazi, kwaye uyaqaphela ngoku ukuba unxibelelene Nenye into. Ubuthandaza apho ngesizathu esithile. Isizathu sokuba unjalo, akunawu kwazi ukuhlala ngaphezu kobu busuku. Kumele uwushiye umhlangano. Uceba ukuya kwikhaya lakho, ngomso. Awungowalapha, okanye awuveli nase California. Usinga empuma ukusuka apha. Uhamba ngomoya. Uceba, ukuhamba ngomoya. Ungowase Oklahoma. Ehe. Injalo lonto.

188 Kananjalo ukwimeko yokufa. Uze apha ukuze uthandazelwe. Awunalo ikhadi lomthandazo. Kodwa ukholiwe ukuba uzakuphiliswa, ukuba ubunokufika apha. Injalo lonto. Kananjalo, imeko yakho ngumhlaza. Umhlaza usethanjeni. Uyakholwa ukuba uzakuphiliswa ngoku? Uyakholwa ukuba unxibelelene naYe, dade wethu? Mhlawumbi uThixo angandixelela ukuba ungubani na, oko kungakunceda? Ukuba kunjalo, phakamisa isandla sakho ukuba uyakukholwa oko, ukuba (uThixo) ingakunceda. Kulungile, Nksk. Steel, ungabuyela e-Oklahoma.

Andilazi inenekazi. Andizange ndalibona.

189 Nali inenekazi lihleli kanye apha emva kwakhe. Likhathazwa yimithambo exananazileyo emlenzeni. Kwaye kananjalo linonyana olinxila, kwaye lithandazela yena. Ukuba

uyakukukholwa, angaphiliswa. Nksk. Mason, uyakukholwa ngentliziyo yakho yonke, kwaye ukholwe ukuba uYesu Kristu uyakukunika impiliso? Uyenza?

Kulungile, ngoko beka isandla sakho kwelo nenekazi lihleli ecaleni kwakho phaya, lithandazela umyeni walo ongasindiswanga. uThixo uza kunikana ngempiliso.

Masithandazeni.

190 Thixo Othandekayo, ndiyathandaza ukuba Umnike loo ntsikelelo. Nika la mfazi umnqweno wentliziyo yakhe, Nkosi. Ukholo lwakhe lusondele kakhulu kuWe, Lukuchukumisile. Kwaye ndiyathandaza, Bawo, ukuba Uyakunceda, eGameni likaYesu. Amen.

Ngoku kholwa ngentliziyo yakho yonke, ukuba uzakukwamkela. Ingaba uza kukwenza oko? Kulungile. uThixo akusikelele.

Uyakholwa ukuba umyeni wakho uzakusindiswa, nenekazi? Uyakholwa ngentliziyo yakho yonke? Phakamisa isandla sakho, uyenza.

191 Phaya kubonakala ngathi kukho, phambi kwam, umfazi onzima kakhulu. Nanko ehleli. Uyakholwa ukuba ndingumkhonzi kaThixo? Uyakholwa ukuba ndingumkhonzi kaThixo? Uyenza. Kulungile. Andikwazi. Ingxaki yakho nga, ngamadlala. Utyebe kakhulu. Ukhe waya kugqirha, wathi akukho nto anokuyenza ngayo, kodwa lowo yayingugqirha wasemhlabeni. Yabona? Eyakho . . . Ubunosizi nje oluninzi. Ulahlekelwe ngumyeni wakho. Awusuki apha. Uvela e-Arkansas eneneni. Ufuna umsebenzi, kananjalo, kwaye akuwufumani umsebenzi. Ubusoyika ukuba, into ethile, ubungayi kubizwa. Kodwa ukholo lwakho ngoku luchukumise uThixo. Dadewethu, hamba, kholwa. uThixo ukunika umsebenzi, akunike umnqweno wentliziyo yakho.

uThixo uyalingqinela iLizwi Lakhe ukuba liyinyaniso. Ingaba uyakholwa ukuba kunjalo? Ngoku ndifuna ukuba uthandaze kunye nam kwakho.

192 Bawo Thixo, Usekwanguloo Thixo ungqinayo. Xana Wena wathi, “Intombazana ayifanga, ilele,” ngoko kwakumele Ukungqinele. Ngoku, Wathembisa, ukuba nje phambi kokufika kwexesha lesiphelo, ukuba uNyana womtu uyakuzityhila ngoKwakhe ngohlobo olufanayo Enze ngalo eSodom. Ukuthembisile, Nkosi. Ngoku Uze emhlabeni, ukwimo yoMoya oyiNgcwele, kwaye wangena phakathi kwethu, ngokuhlwanje, thina bantu bakholwayo, kwaye wakungqinela. Ulingqinele iLizwi Lakho njengokuba Wenzayo ngaloo mini. Nkosi, asidingi bungqina bumbi. Uphakathi kwethu. Siyakuthanda. Kwaye siyaqaphela ukuba lo ngumqondiso wokugqibela kanye phambi Kokuza Kwakho, ngokwe Zibhalo. Kwaye zonke izithunzi nemifuziselo ayina kusilela. Kufuneka kube yechanekileyo.

193 Ke siyathandaza, Bawo, nje ngabatwana Bakho besiza ngoku ukuze bathandazelwe, okokuba wonke ubani uyakuphiliswa. Kwanga kungangabikho namntu ugulayo useleyo phakathi kwethu, ekupheleni kwale nkonzo yempiliso. Owu Thixo othandekayo, ungavumela intambiso Yakho ibe ngobabalo kakhulu phezu kwabantu Bakho ngoku nje, ukuze bonke ngabanye baphiliswe?

194 Kwaye ukuba kungabakho abathile apha, abangekabi ngabantwana Bakho okwakaloku nje, naphezu kwesiseko sezi zinto, oko . . . Balivile iLizwi baza bayibona into isenziwa, ingqinelwa kanye nje ngoku chanekileyo, kwaye Ungubani kwaye Uyintoni na, ukuba Ulapha.

195 Kwaye, Nkosi, unga—ungasikelela ubuxoki na Wena? Kutheni, ngokuqinisekileyo akunjalo, Nkosi. Kodwa Wathembisa ukulisikelela iLizwi Lakho, kwaye aLiyi kubuya lilambatha. Laliya kukufezekisa oko lalikucetyelwe. Kwaye ngoku Ukwenze oko phambi kwethu, ngokuhlwanje, ngaphaya kwethunzi lentandabuzo.

196 Kwaye iintloko zethu zithotyiwe, kukho abantu apha abangazange bakholwe ngaphambili, abo bangathanda nje ukuphakamisa isandla sakho? Intloko yakho ithotyiwe, phakamisa nje isandla sakho. Kwaye yima ngeenyawo zakho, kwaye uthi, “Ndiyakholwa ngoku, ngentliziyo yam yonke. Kwaye ndifuna ukwamkela uYesu Kristu, khona ngoku.” Ungakwenza oko, nabani na abantu, nabani na abantu abalapha, abo bangekamamkeli uKristu, kwaye ungafuna na ukukwenza ngeli xesha? Andiyi kukuxelela . . . Yiya kwicawa yokhetho lwakho. Kodwa ndikucela ukuba wamkele uYesu Kristu ngelixesha u . . . Awusoze mhlawumbi ubekufuphi kuYe ude umbone ngoKwakhe xana esiza emzimbeni Wakhe obonakalayo evela emaZulwini. Ungamamkela ngoku ukuba awukakwenzi?

197 Phezu kwesiseko sokubona kungekho bani apha umiyo, Ndiyakholwa ke ngoko nonke ukuba niphilile, abantu abanengqiqo, kwaye niyayiqaphela into eniyenzayo. Ukuba uhleli phaya phantsi koku, khumbula, “Ukuba uneentloni ngaM phambi kwabantu, ndiyakuba neentloni ngawe phambi koBawo.” Bekukho umntu othile omileyo, mhlawumbi, ewe, kwisihlwele, ngasemva.

198 Thixo Othandekayo, abo banokuthi, andiboni, bemiyo, bafuna ukuKwamnkela. Bayaqaphela, Nkosi, ukuba oku akukenziwa kude kube leli xesha, kwaye ngoku Uyayingqinela kwaye ungqine ukuba injalo. Ndiyathandaza, Bawo, ukuba ezintliziyweni zabo, oko kushukunyiswe ngokunga qhelekanga ngeli xesha . . . Sazi njani kodwa lo kunga ngumntu wokugqibela ukungena? Oku kunga sisiphelo seLos Angeles. Lo isenokuba ngumphefumlo wokugqibela oza kuzalwa eBukumkanini. Asazi

ukuba loo maxesha afika nini. Kwaye xana kwenzekile, ucango luya kuvalwa, uMzimba uza kuphelela. Akuyi kuba Ngumzimba ongagqibelelanga okanye Umtshakazi ongagqibelelanga. uyakuba namalungu nje amaninzi kakhulu amagama abo abhalwayo kwiNcwadi yoBomi yeMvana ngaphambi kokusekwa kwehlabathi, apho uYesu weza kumthabatha, nje ngo-Adam, ahambe kanye aphume ukuze asindise umkakhe. Ndiyathandaza, Thixo, ukuba Uyakubamkelela ngoku eBukumkanini Bakho. Basezandleni Zakho. Qubisana nabo, Nkosi, ndiyathandaza eGameni likaYesu. Amen.

199 UThixo anisikelele ngamnye kuni bemiyo. Bendingazi ukuba abanye benu bemile. Abanye bemi ngasemva, abanye phezulu kwi-bhalkhoni. Ngoku ndifuna nindenzele into ibenye. Ndicela nindiqonde. Hlanganani nomlungiseleli othile apha nithethe naye, emva kokuba inkonzo iphumile. Ingaba niya kukwenza oko? Musa ukuyivumela ukuba isilele. Ukuba awuzange ubhaptizwe ngobhaptizo lobuKristu, yenza oko kulandelayo, kwaye ke uhlale uphakamise izandla zakho ude ufumane uMoya oyiNgcwele.

200 Ngoku, kwaye abantu abaninzi banamakhadi omthandazo apha. Sizakubacela ukuba beme, beze phezulu apha, kwaye ndiyaqikelela ukuba hamba ukunqumleza. Okanye kuya kufuneka ndize . . . [Umzalwana uthi, "Hayi."—Mhl.] Andinakukwazi. ["Yiza uvela kweli cala ngapha."] Ukusuka *kweli* cala ngapha, ungeza ukuphuma ngale ndlela, ngapha kwelicala, abantu abanamakhadi omthandazo.

201 Kwaye ngoku ukuba kukho bani na kuni ekumele ahambe, ku . . . ndishiywe lixesha. Ndiyaxolisa. Ndiza kuzama ukwenza ngcono kancinci ngomso ebusuku. Kwi . . . yimizuzu elishumi emva kweyeshumi, ngokwe wotshi eseludongeni. Enkosi kakhulu ngokuza kwenu ngobu busuku, kwaye wanga uThixo weZulu anganisikelela. Ukuba ubungathanda ukuhlala kwaye ubukele umgca wokuthandazela, wamkelekile ngamaxesha onke. Kodwa sizakuqalisa ukuthandazela abagulayo ngoku, kwaye andifuni kukubamba ngaphandle kokuba ufuna ukuhlala. Nindululwe eGameni leNkosi uYesu. Lwanga uxolo lukaThixo lungahamba nani kwaye lunisikelele, kwaye luni nike ukuphumla emizimbeni yenu, kubusuku bonke, kwaye luniphe impilo entle ukuze nibuye kwakhona ngomso ebusuku. UThixo abe nani ngoku.

202 Kwaye vumelani abo banamakhadi omthandazo bamele umthandazo ngoku, njengokuba sithandazela abantu jikelele ehlabathini. Ngoku sifuna nazi, ngoku, nina nimi nekhadi lomthandazo, ingaba kukho nakuphi ukuthandabuza ebomini bakho? Ingaba kukho nasiphi na, ndixolele, nasiphi na isono ebomini bakho ongasivumanga? Ukuba sikho, mandikucele oku. Musa ukungena kumgca womthandazo nesono esingavunywanga entliziyweni yakho. Kuba, umele . . . Oku

sisonka sabantwana, yabona. Kwaye ukuba akunguye umKristu, nikela ubomi bakho kuKristu, kumgca wokuthandazela, uze ke. Yenzelwe ikholwa. Ingaba uza kuyenza? Mamkele Yena kuqala njengoMsindisi wakho, kuze emva koko uze ngapha eqongeni, ukuze uthandazelwe.

203 Ngoku ndiza kuthandazela umntu ngamnye; hayi nje ukudlula kubo, njengolunye uhlobo lwenkqubo. Sisenkonzweni ngoku. Ndicinga ukuba uDade uWyatt usinike isizathu sokuba singahlala kwaye sithandaze. [Umzalwana uthi, "Ewe, ubusuku bonke, ixesha elide njengoko ufuna."—Mhl.] Singahlala kangangoko sifuna. Kwaye ndiyambulela uDade uWyatt kunye nabasebenzi abalapha, ngokusivumela ukuba sikwenze oko. UThixo amsikelele. Umyeni wakhe olikroti wema kweli qonga, wathandazela ukugula, wade wafa, ngokokwazi kwam, ijoni lokwenene lomnqamlezo. Kwaye ngoku ndizama ukuqhubeka ndisenza kwa into enye, sikelela aba bantu.

204 Kwaye ngoku ndiyathandaza ukuba ngamnye kuni ozayo adlule apha . . . Akudingeki ukuba uvume nantoni na oyifunayo. Akudingeki ukuba uthethe nantoni na engalunganga ngawe. Yiza nje ndikuthandazele, kwaye ukholwe.

205 Uyakholwa ukuba uThixo undithume ukuba ndenze oku? Phakamisa isandla sakho. Khumbula into eyathethwa yiNgelosi yeNkosi? "Ukuba wenza abantu bakukholwe, unyaniseke xana uthandaza, akukho nto izakuma phambi komthandazo." Kwaye niyazi ukuba leyo yinyaniso. Kuye kwangqinwa, ngokuphindaphindiweyo.

Ngoku ndiza kucela ukuba uDade wethu uRose, ukuba angavuma, ukudlala la, *Kholwa Kuphela*, okanye, *UGqirha Omkhulu Ngoku Ukufuphi*, okanye enye into.

206 Ndifuna umntu ngamnye kuni ngoku ebu—ebudlelwaneni nam. Ingaba nina, kananjalo, nina bantu bangekho kumgca wokuthandazela, niyakuba thandazela aba bantu? Ke, bathembise okokuba, ngokuphakamisa isandla sakho, "Ndizakube ndithandaza, yabona. Sonke siza kuthandaza." Kulungile. Ehe.

Ndingathanda ukuba ningathanda, ukuba kumele umke, uhambe ngokuzolileyo ngokwenene ngoku, ukuze bangahluphi ngeli lixa sithandazayo.

Uyakholwa ukuba iyakuphela ngoku, dade? [Uthi udade, "Ngentliziyo yam yonke."—Mhl.]

Thixo Othandekayo, ndibeka izandla zam phezu kodade, ndicele umngeni kwinkxwaleko yomzimba wakhe. EGameni likaYesu Kristu, yanga ingasuka kuye. Amen.

Ikusikelele, dade.

Uyakholwa ngentliziyo yakho yonke? Zonke izono zakho zivunyiwe? Wena, ngokokwazi kwakho, ukulungele ukwamkela impiliso yakho?

207 Thixo othandekayo, ndibeka izandla zam phezu kodade wethu, eGameni loNyana Wakho, uYesu Kristu, kwaye ndicela ukuba ukukxhwaleka komzimba wakhe kuyakumka, eGameni likaYesu. Amen.

Zonke izono zivunyiwe, kwaye uyilungele impiliso yakho? Uyakholwa, mzalwana? [Umzalwana uthi, "Ndiyakholwa ngentliziyo yam yonke."—Mhl.]

208 Thixo Othandekayo, ndibeka izandla zam phezu komzalwana wam, njengokuba sisazi ukuba Ukho apha, Nkosi. Ndiyathandaza ukuba Uyakumphilisa, eGameni likaYesu Kristu. Amen.

Zonke izono zivunyiwe? Hayi, awuva. Uyakholwa ukuba uzakuva? [Uthi udade, "Ndiyakholwa. Kodwa bendingeva."—Mhl.] Uyakholwa.

Umfazi usisithulu ngoku. Siza kuthandaza apha.

209 Thixo Othandekayo, ndiyathandaza ukuba Uyakuphilisa udade wethu, ususe obubuthulu kuye. Uhleli kwihlabathi elivaliweyo, apho angeva khona. Ndiyathandaza ukuba Uyakumnika impiliso, ngeGama likaYesu.

210 Ndizakucela abantu ukuba bahlale bethobe intloko zenu, umzuzu. Ndifuna ukubona ukuba kwenzeka ntoni kuye. Ngoku, ndiyacela, eGameni likaYesu Kristu, makungabikho namnye uphakamisa intloko okanye amehlo akhe. Ngoku, ungakwenzi oko ndide ndikuxelele.

211 Uyandiva ngoku? [Uthi udade, "Abanye bagqwethekile." UMzalwana uBranham uqhwaba izandla kanye. "Ndiyakuva."—Mhl.] Ndiva? ["Okunye."] Ingaba uyeva? Uyeva ngoku. [uMzalwana uBranham uqhwaba kube kanye.] Yabona? Uyasiva eso sandi?

212 Ngoku uyakholwa ngentliziyo yakho yonke. Uza kuyenza? Kwaye uyakholwa, kwaye uThixo uyakukuphilisa ngokupheleleyo. Uthi . . . Ndiye nje ndathandaza ndabeka izandla zam ezindlebeni zakhe, wabe esithi kukho into ayivayo. Kulungile, qhubeka nje ngoku, ukholwa ukuba uya kuva ngokugqibeleleyo, kwaye uzakuva.

Ingaba zonke izono zivunyiwe, dade? [Udade uthi, "Ewe."—Mhl.] Uyilungele impiliso yakho? ["Ewe."]

213 Thixo othandekayo, ndibeka izandla zam phezu kodade wethu, ndisazi ukuba akukho nto ilungileyo, kuthi. Kodwa siyazi ukuba singamaKristu, sizelwe ngoMoya kaThixo. Kwaye sibeka izandla phezu kodade wethu kwaye simcelela impiliso yakhe, eGameni likaYesu Kristu. Amen.

214 Ngoku uyakholwa ukuba uyakuphiliswa? [Uthi udade, “Kulungile.”—Mhl.] Kulungile, ngoku u—uphilisiwe. Nantso indlela yokuyenza. Injalo lonto. Injalo.

215 Zonke izono zivunyiwe? [Uthi udade, “Ewe, mhlekazi.”—Mhl.] Kwaye uyilungele impiliso yakho? [“Ewe.”] Uyakholwa, ngokubekwa kwezandla, ukuba uThixo Ozaziyo iintliziyo zabantu, uyakukwenza uphile? [“Ndiyayenza.”]

216 Bawo wethu wase Zulwini, ndiyathandaza ukuba Umphilise udade wethu, njengokuba sibeka izandla zethu phezu kwakhe kwaye sicela eGameni likaYesu Kristu ukuba Umphilise. Amen.

217 Unjani ngempilo? Kanjalo, uyazi ukuba ndiyazi into engalunganga ngawe. Kodwa anditsho nje; ngoba, wenzile, iza—izakuqhubeka nje iqhubelekeka. Kodwa ukuba uyathanda. . . Ingaba zonke izono zivunyiwe? [Uthi udade, “Ewe, mhlekazi.”—Mhl.] Kwaye uyakholwa ukuba uThixo uzakukuphilisa? [“Ewe, mhlekazi.”] Ingaba uyakholwa isifo samathambo. . . Sendiyithethile.

Thixo Othandekayo, ndiyathandaza ukuba Umncede kwaye umphilise. Siphe oko, eGameni likaYesu.

Akuyi kuba sisiqhwala. Hamba, ukholwe ngentliziyo yakho yonke.

218 Uyakholwa ukuba uThixo uyakukuphilisa? [Udade uthi, “Amen.”—Mhl.] Zonke izono zivunyiwe kwaye ulungele impiliso yakho? Uyakholwa ukuba umqolo wakho uzakulunga?

Bawo wase Zulwini Othandekayo, ndiyathandaza ukuba Uyakumphilisa kwaye umenze aphile. EGameni likaYesu Kristu, kwanga kungaba njalo. Amen.

UThixo akusikelelele, dade. Hamba, ukholiwe ngoku.

Ingaba zonke izono zivunyiwe, dade, ukulungele ukuphiliswa kwakho?

Thixo othandekayo, izono zakhe, uthi, zivunyiwe. Ndibeka izandla zam phezu kwalo mfazi, eGameni likaYesu Kristu, ndicela impiliso yakhe. Amen.

219 Ingaba zonke izono zivunyiwe? Umele ukuba ulungile, ugula kakhulu, uyakwazi oko. Uyazi ukuba ndiyayazi into engalunganga ngawe. Kwaye uyakholwa ukuba uThixo uyakukuphilisa, aphilise intliziyo yakho akwenze uphile ngokupheleleyo?

Thixo Othandekayo, ndiyathandaza eGameni likaYesu Kristu, ukuba Umphilise kwaye umenze aphile. Kwanga oku kungamshiya, Bawo, eGameni likaYesu. Amen.

UThixo akusikelele ngoku. Musa ukuthandabuza. Hamba, ukholwa.

Zivunyiwe zonke izono? Ukulungele ukuphiliswa?

Bawo waseZulwini Othandekayo, ndibeka izandla zam phezu kodade wethu. EGameni likaYesu Kristu, wanga angaphiliswa. Amen.

Musa ukuthandabuza. Hamba, ukholwa.

Zonke izono zivunyiwe, ulungele impiliso?

220 Bawo wase Zulwini Othandekayo, ndiyathandaza ukuba Uyakuphilisa umzalwana wethu, umphilise. Siphe oko, Bawo. Ndibeka izandla zam phezu kwakhe, ngenxa yale njongo, eGameni likaYesu Kristu. Amen.

UThixo akusikelele. Ndiyayikholwa ngentliziyo yam yonke.

Uyakholwa ngoku, dade? Zonke izono zivunyiwe kwaye ulungele ukuphiliswa?

Thixo Othandekayo, ndibeka izandla zam phezu kodade, eGameni likaYesu Kristu, wanga angaphiliswa ngenxa yozuko Lwakho. Amen.

221 Ngoku kumatyeli nje amaninzi ngolo hlobo, ukuchukumisa nje, njengokuba uYesu watshoyo, "Le miqondiso iza kulandelana nabo bakholwayo. Ukuba babeka izandla zabo phezu kwemilwelwe." Ndiqale ukuqaphela, emihlanganweni, ukuba ithabatha amashumi amahlanu epesenti ngcono ngaphezu kokuba isenza xana ubiza abantu emgceni, ube nokucalula, kuba ufikelela nje kwababambalwa. Kwaye, ngale ndlela, kukho abaninzi ngakumbi abaphiliswayo.

222 Ingaba uzivumile zonke izono zakho zokungakholwa nayo yonke into? Uyakholwa ngoku ukuba uyakuphiliswa? [Udade uthi, "Ewe, kwaye ndihlangulwe."—Mhl.]

Thixo Othandekayo, ndiyathandaza ukuba Uyakuphilisa udade wethu njengokuba ndithabatha izandla zakhe kwaye ndicela eGameni likaYesu Kristu ukuphiliswa kwakhe. Amen.

UThixo akusikelele, dade.

Uyakholwa ngoku? [Udade uthi, "Ewe."—Mhl.] Zonke izono zivunyiwe? ["Ewe."]

Thixo Othandekayo, ndibeka izandla zam phezu kodade wethu, eGameni likaYesu Kristu, ukuze aphiliswe. Amen.

UThixo akusikelele, dade.

Ikhangeleka njengento encinci kakhulu, kodwa nguThixo Oyithembisileyo.

Izono zivunyiwe?

Thixo Othandekayo, ndiyathandaza ukuba Umphilise lo dade wethu. Njengokuba ndibeka izandla phezu kwakhe eGameni likaYesu Kristu, wanga angahamba kwaye aphile. Amen.

Izono zivunyiwe?

Thixo Othandekayo, ndiyathandaza ukuba Uphilise udade wethu, njengokuba ndibeka izandla phezu kwakhe, eGameni likaYesu Kristu. Amen.

Ngoku njengoko usiza kunye nobuxhakaxhaka, yanga ingabetha undoqo, iyakusebenza.

Izono zivunyiwe? [Udade uyaphendula—Mhl.] Ulungele.

Thixo Othandekayo, ndiyathandaza ukuba Uyakumphilisa kwaye umenze aphile, eGameni likaYesu Kristu. Amen.

UThixo akusikelele, dade.

Zonke izono zivunyiwe? [Udade uthi, "Yonke into."—Mhl.]

Thixo Othandekayo, njengokuba lo mfazi endijonge emehlweni, ndiyakholwa koko. Ndiyathandaza ukuba Uyakumphilisa, eGameni likaYesu.

223 Uyamzisa nje, akunjalo, dade? Uyamzisa nje? Kulungile. Uyakholwa, dade, ukuba uThixo uyakukuphilisa? [Udade uthi, "Ndiyakholwa ukuba uThixo unokundinika ukubona kwakhona."—Mhl.] UThixo akusikelele.

224 Bawo oseZulwini, Uhlala unenceba kwabaziimfama, nabasweleyo. Ngoku bayibonile into Oyenzileyo ngokuhlwanje. Ke siyakholwa, Nkosi, lo mqondiso mkhulu wokugqibela uhamba phakathi kwethu ngoku. Ndicelela lomfazi uyimfama ukubona kuze kuye, eGameni likaYesu Kristu. Amen.

Ngoku, sinike ingxelo ngoku. Yixele.

[Udade uthetha kuMzalwana uBranham—Mhl.] Owu, ewe, uyakholwa ukuba uThixo uyakukuphilisa? ["Haleluya!"]

Bawo waseZulwini Othandekayo ndibeka izandla zam phezu kodade wethu kwaye ndicela ukuba Umphilise, eGameni likaYesu Kristu. Amen.

UThixo akusikelele, dade. Makhe sive ukuba unjani—unjani.

Uyakholwa, dade? [Udade uthi, "Ewe ndiyenza."—Mhl.]

Owu Bawo waseZulwini Othandekayo, ndithandazela udade wethu, ndithemba ukuba Uyakumphilisa ngoku. Ndibeka izandla zam phezu kwakhe, eGameni likaYesu Kristu.

Kholwa ngoku. Kulungile oko. Hamba nje, ukholwa.

Uyakholwa, mzalwana? [Umzalwana uthi, "Ewe."—Mhl.] Zonke izono zivunyiwe?

Thixo Othandekayo, ndiyathandaza ukuba Uyakumphilisa umzalwana wethu kwaye umenze aphile, eGameni likaYesu Kristu. Amen.

Uyakholwa, dade?

225 Owu Thixo, ndiyathandaza ukuba, eGameni likaYesu Kristu, ngokuzithoba, kubumnandi nobulali bale yure, wanga uMoya oyiNgcwele angamphilisa lo mfazi. [Udade

uthi, “Kwaye ndiyathandaza, ndithandazela unyana wam. Andizange ndimbone iminyaka engamashumi amabini.”—Mhl.] Ndiyathandaza ukuba uThixo uyakuthumela unyana wakho kuwe, dade, othandekayo. uThixo akusikelele.

Bawo Othandekayo, ndithandazela udade wethu olapha. Ngobumnandi boMoya oyiNgcwele, wanga Angeza ngoku aphilise udade wethu, eGameni likaYesu. Amen.

Sikelelwa, dade.

Thixo Othandekayo, ndithandazela umzalwana wam, njengokuba emi apha kwaye ndibeka izandla phezu kwakhe, kwaye ndicela impiliso yakhe, eGameni likaYesu.

Sikelelwa, mzalwana wam. kulungile.

Nkwenkwe encinci?

Thixo Othandekayo, ndibeka izandla phezu komncinane, ndiyamsikelela eGameni likaYesu Kristu, ngenxa yempiliso yakhe.

Uyakholwa ngoku, dade? [Udade uthi, “Ewe.”—Mhl.] Nawe uyafuna ukuthandazelwa?

226 Thixo Othandekayo, ndiyamthandazela, njengokuba ndibeka izandla phezu kwakhe. Ngoku, oku ngumyalelo Wakho, yilonto Othe yenze, “Le miqondiso iya kulandelana nabo bakholwayo. Ukuba bathe babeka izandla phezu kwabagulayo, bayakuphila.” Utshilo wena, Nkosi. Amen.

Ngoku, Wakuthetha oko, aKazange? Kumele kube ngalo ndlela, dade.

Thixo Othandekayo, ndiyathandaza ukuba Uyakuphilisa udade wethu kwaye umphilise, eGameni likaYesu Kristu. Amen. UThixo akusikelele, dade.

Uze ukholwa, dade?

227 Bawo waseZulwini Othandekayo, ndicela iintsikelelo Zakho kudade wethu, ndithobela nje lonto Othe mayenziwe. Wathi, “Le miqondiso iza kulandelana nabo bakholwayo. Ukuba babeka izandla zabo phezu kwemilwelwe,” Wathi, “baya kuphila.”

228 Ndingakhe ndime apha umzuzwana nje, ukuze ndithi kule nto, ukubayeka nje abantu baphumle okomzuzwana, okomzuzwana nje. Umgxeki wakha wathi, kum, oko akunjalo. Kodwa, uyabona, Wathi, “Le miqondiso iya kulandelana.”

229 Uwuvile uMyalezo wam ku *Ityala*, ukubeka uYesu ityala. Yabona, Waxelela uNowa, “Kwakuza kunetha.” Ayizange ine ikhulu elinamashumi amabini eminyaka, kodwa yanetha nakanjani na. Waxelela u-Abraham ukuba uya kuba nonyana ngoSara. Kwakuyiminyaka engamashumi amabini anesihlanu kamva. Zange atsho ukuba nini. Wathi bazakuba nonyana. Kwiminyaka engamashumi amabini anesihlanu kamva, kwenzeka. Yabona, Akakhange atsho ukuba nini.

230 Wathi, “Umthandazo wokholo uya kumsindisa lowo ugulayo. uThixo uya kumvusa. Ukuba bathe babeka izandla phezu kwabagulayo, bayakuphila.” Ingaba yiloo nto Wayithethayo? Akazange athi bazakutsiba baze bayenze kanye ngelo xesha. Wathi, “Baya kuphila.” Yabona, sisithembiso Sakhe eso. Yiloo nto siyikholwayo.

Yiza, dade. Uyakholwa ukuba leyo yinyani? [Udade uthi, “Ewe ndiyenza.”—Mhl.] Ngoko akukho ndlela yakukuthintela ukuba uphiliswe.

Ndibeka izandla zam phezu kodade, eGameni likaYesu Kristu, ngenxa yempiliso yakhe. Amen.

Uyakholwa, dade? [Udade uthi, “Ewe.”—Mhl.] Zonke izono zivunyiwe, kwaye ulungile?

Thixo Othandekayo, ndibeka izandla zam phezu kodade, ngokuthobela umyalelo Wakho, kwaye ndicelela impiliso yakhe, eGameni likaYesu. Amen.

231 Ndifuna nina bathandazelwayo, ndifuna nindenzele inceba. Ndifuna ukuba ninike ingxelo, phambi kokuba le mihlangano iphele, kwenzeke ntoni na; kwaye nivumele nje izihlwele, abanye abantu, babone ukuba yintoni na ngenene eyenzekayo. Mhlawumbi ngomso, kusuku olulandelayo, okanye nini, ukhangele nje okwenzekayo.

232 Ibhalelwano yam ibonisile ukuba ikukwa—ikukwahluka okukhulu kunokubavumela bazame, bavavanye ukholo lwabo. Ngokuba, uYesu wathi, “Babeka izandla phezu kwabo. Baya kubeka izandla phezu kwabo, baya kuphila.” Ngoku yiva into Awayithethayo. Akazange Athi bayakuxhumela phezulu kwaye babaleke besihla-nokunyuka emgangathweni. Babenokukwenza oko. Kodwa Wathi, “Bayakuphila.” Ingaba koko Wakutshoyo? Oko koko Wakutshoyo. Oko koko ndikukholelwayo. Kwaye Ulapha ngoku, Lowo wathi iLizwi lilapha ukuze liyenze ibenjalo.

Uyakholwa, mhlekazi? [Umzalwana uthi, “Amen.”—Mhl.]

Bawo oseZulwini othandekayo, phezu kovumo lwakhe lokholo nokukholwa, Ndibeka izandla zam phezu kwakhe, eGameni likaYesu Kristu, ukwenzela impiliso yakhe.

Thixo Othandekayo, ndibeka izandla zam phezu kwalo mfazi, eGameni likaYesu Kristu, ukwenzela impiliso yakhe. Kulungile.

Bawo Othandekayo, ndibeka izandla zam phezu kwalo mfazi, eGameni likaYesu Kristu, ukwenzela impiliso yakhe. Wathi, “Uya kuphila.”

Ulungele ukuphiliswa, dade?

Thixo Othandekayo, ndibeka izandla zam phezu kwakhe, eGameni likaYesu Kristu, ukuze Umphilise.

Kulungile, dade, sthandwa, yonke into ilungele impiliso? Ukholo lwakho ngoku luhlangatyeziwe, uyakholwa ukuba uzakuphila?

233 Kwaye, Thixo, ndizibeka izandla zam phezu kwakhe, ngokuthobela umyalelo Wakho, "Kulo lonke ihlabathi, yonke indalo." Ndibeka izandla phezu kwakhe, eGameni likaYesu, ukuze aphiliswe.

Thixo Othandekayo, ndibeka izandla zam phezu komzalwana wam, eGameni likaYesu Kristu, ngenxa yempiliso yakhe.

Thixo Othandekayo, ndibeka izandla zam phezu kodade wethu, eGameni likaYesu Kristu, ukuze aphiliswe.

[Indawo engenanto eteyiphini—Mhl.] . . . esihla ngepaseji. Bendingafuni nje ukunidinisa. Uyakulunga ukuba uyakukholwa oko ngoku.

Thixo Othandekayo, ndiyathandaza ukuba Uyakuphilisa udade wethu, eGameni likaYesu Kristu. Amen.

[Indawo engenanto eteyiphini—Mhl.] . . . ukundinceda ndithandazele aba bantu.

234 Ngoku sineetshefu apha, nokunjalo, apha phakathi, eziza kuthandazelwa. Kwaye ndifuna ukuba uqhubeke uthandaza kunye nam ngoku, ngoku, ezipasile zincinane, ngoku. Ndiyazi ukuba oku kuvakala kungaqhelekanga ukuba abantu bathandazele into encinci ngolu hlobo. Kodwa ukuba unokuza nje e-ofisini yam, kube kanye, kwaye ubukele nje. Ukuba besibugcinile ubungqina kule minyaka, ndicinga ukuba ubungekhe ubufumbe kweli qonga, abaphiliswe nje ngokuthumela la malaphu omthandazo ngolu hlobo, izigidi zabo, jikelele nakwihlabathi jikelele. Ngoku, uyazi ukuba yintoni eyiyo—eyiyo?

Mntu othile fumana la tshefu apho ukwenzela lowa—lowa usemtsha . . . Uyakuyazi itshefu yakho, mzalwana? Kulungile.

235 Kwaye ndibone abantwana abancinci, abakhubazekileyo bephiliswa. Kwaye uyabona, into ekuyiyo, yindawo nje yoqhagamshelwano, njengokuba u-Oral Roberts wayedla ngokutsho. Yinto nje yoqhagamshelwano. Siyathandaza. Ngoku, asikwenzi oku ngokwethu, sikwenza oku ngokuba iBhayibhile iyasiyala ukuba senze oku. Sonke siyazi ukuba yinyani leyo.

236 Ngoku, baninzi abantu abathambisa iitshefu, nanjalo njalo. Ke, ngoku, sicinga ukuba oko kulungile, ngokuqinisekileyo, kodwa ukuba sithe nje . . . IBhayibhile ayitshongo ukuba bayaku "thambiso" iitshefu.

237 "Kodwa bazithabatha ke iitshefu emzimbeni kaPawulos." Ngoku niyabona ukuba bendithetha ngantoni? Ngoku, into abayibonayo, la mandla adlisa ubomi ayekuPawulos, kuba

babesazi ukuba wayesisicaka sikaThixo. Babesazi ukuba uThixo wayekuye. Babesazi ukuba yonke into awayichukumisayo yayisikelelwe. Bangaphi abakuqondayo oko? Yithini, "Amen." [Ibandla lithi, "Amen."—Mhl.]

238 Uyazi, ndicinga ukuba uPawulos wayevumelana neSibhalo kwinto awayenzayo. Awucingi njalo? Ufuna ndikuxelele ukuba ucinga ukuba wayeyithathaphi ingqondo yokuyenza? [Umntu uthi, "Ku-Elisha."—Mhl.] Ngokusuka ku Elisha, uchanile. Yabona, u-Eliya wathi, "Thatha nantsi intonga uhambe uyibeke phezu komntwana." Kwaye umprofeti wathumela intonga ngokuba wayesazi ukuba yonke into awayeyichukumisile yayisikelelwe. Wayeyazi indawo yakhe. Yena . . . ukuba nje wayenokwenza umfazi akholwe kwaloo nto inye.

Ngoku yabona, ngoku, iBhayibhile ayizange itsho nokuthi, "Baya kuthandazela abagulayo." Yathi, "Baya kubeka izandla phezu kwabagulayo."

239 Ngoku khawucinge nje, abantu babonile, kumpostile uPetros, uBukho bukaThixo bubonakalaliswe kule ndoda, kangangokuba bona—bona babeka abantu emthunzini wakhe, baphiliswa. Bangaphi abayaziyo ukuba oko kungokweSibhalo? Eso siSibhalo esinjengoYohane 3:16. Yabona, LiLizwi likaThixo lonke. Ngoku, abantu, niyazi ukuba isithunzi salo ndoda asibaphilisanga abantu.

240 Kodwa, khangela, ukuba amandla kaThixo ayephezu kwaloo mprofeti, iminyaka ngeminyaka emva kokuba efile, kangangokuba indoda efileyo yajulwa phezu komzimba wakhe, emathanjeni akhe. Umzimba wawungekho nalapho; amathambo ebekhona. Kwaye uBukho bukaThixo babuphezu kwaloo mathambo, yade loo ndoda ifileyo yabuyela ebomini.

241 Ngoku anazi ukuba la Thixo mnye wenze zonke ezo zinto ulapha ngokuhlwanje? Ku—kum, ndicinga ukuba sifanele sibe ngabona bantu bonwabileyo ehlabathini lonke. Khawucinge nje ngoku.

242 Ndi—ndiyathemba ukuba khange ndibachukumise abaphulaphuli bam ukuba bakholwe ukuba yinto endiyenzayo ngokwam. Wa—wazi ngcono kunoko. Ndi, ndingumzalwana wenu, yabona, kwaye ndingumzalwana nje wenu.

243 Kodwa ndiyazi, ndiyakwazi oku, ukuba uThixo ukho. Kwaye ndiyazi ukuba usinike okuthile, oko asingebinako ukukucacisa, kungeLizwi likaThixo kuphela, ibango lokuba imelwe kukuba lapha ngeli xesha. Ke, isinika kwakho ukuzibandakanya ukwazi ukuba siphila kwimihla yokugqibela. Isinika ukuzibandakanya ukwazi ukuba aba bantu, aba bakhethiweyo, banyuliweyo, babiziweyo, bamiselwa ngenxa engaphambili . . .

244 Ngoku, ligama elikhulu elo, *ukumiselwa* kwangaphambili, kodwa sonke siyazi ukuba yinyaniso leyo. Siyazi ngokuqinisekileyo ukuba uThixo ongenasiphelo wazimisela

ngenxa engaphambili zonke izinto ngokwazi kwakhe ngenxa engaphambili ngaphambi kokusekwa kwehlabathi, kwa nayo iMvana yaxhelwa; kwaye lonke igama eliya kuhlala likhona eNcwadini, lafakwa eNcwadini ngaphambi kokuba iNcwadi ibhalwe. Ngoku bangaphi abayaziyo ukuba yinyaniso leyo?

245 Kwaye uYesu waza ukuba—ukuba abahlangule ngentlawulelo abo babese Ncwadini. EBhayibhileni, iMvana yeza iphuma ngaphaya komkhusane, yathabatha iNcwadi kwaye Yanqika amaTywina eyayitywinwe ngawo, kuba Yeza kubanga bonke Eyabahlawulelayo. UnguMthetheleli ngoku, uMthetheleli intethelelo yabo Yena wabahlangulayo. Bonke abamagama abhaliweyo eNcwadini yoBomi yeMvana, bahlangulwe.

246 Njengoko ndenze ingxelo encinci ekrwada ngobunye ubusuku. . .Ndilinde i. . .zonke ezi tshefu zilapha. Andizami nje ukushumayela kwakhona, kodwa ndathi bekukho intetho encinci. . .Ndiyathemba ukuba oku akuvakali kuhlambela, yabona. Kodwa njengomfama owabeka isikhukukazi, kwaye wayengenamaqanda aneleyo, ngoko wafumana iqanda lokhozi, waza walibeka phantsi kwesikhukukazi, saqandusela ukhozi. Kwaye wayengumfo ongaqhelekanga kakhulu phakathi kwazo zonke iinkukhu, kuba babengaboni izinto ngokufanayo. Kodwa yiloo nto kuphela awakha wayibona, yayisisikhukukazi. Weva ilizwi elinye kuphela, lalingavakali njengelizwi lakhe. Lalingakwazi nokukhupha ilizwi nje ngesikhukukazi okanye amantshontsho. Alizange likuxabise ukutya kwazo, njengoko zisitya eshedini. Kwakukho into eyahlukileyo ngalo, kodwa lalingazi ukuba yintoni umahluko.

247 Kwaye kwathi ngenye imini, kwakukho umama wokhozi owayesazi ukuba wazalela amaqanda amaninzi. Kwaye kwakukho elinye lala maqanda, elaliza kuba ngunyana walo, lalilahlekile. Ke waya kumzingela, waza wamfumana eshedini. Kwaye wakhwaza. Kwaye xana wakhwaza, ukhozi oluncinane lalwazi ilizwi likamama. Njengoko uYesu wathi, “Izimvu zaM ziyalazi iLizwi laM.”

248 Ndiyacinga, kubusuku bayizolo, xana ndibona ela qela lamaBhaptizi, amaRhabe, nokunye okuninzi, kusenokuba bakhutshiwe phantsi kwesikhukukazi. Uxolo, mzalwana, yabona. Kodwa uMama wayesazi ukuba Unezithandwa Zakhe phandle ndaweni ithile. Ke loo madoda emi apho, engaphikisani ngokondliwa kwawo akufumene kumama wesikhukukazi, nokunjalo, kodwa ngoku ngamakhozi, uyabona, babhabhela ukutya kwabo. Yabona?

249 Kwaye ndicinga ukuba ibandla liyinto enje ngomboniso endiwubonileyo kungekudala kwixesha elidlulileyo, ndisihla ndivela eTucson, okanye ukusuka—ukusuka ePhoenix, ukuya eTucson. Ndabona umbono ongaqondakaliyo. Kwaye yababuphuka intliziyo yam, ukubona ukuba kwenzeke

ntoni, indlela. . . ukhetshe, owayedla ngokubhabha emoyeni, umzalwana kukhozi, nto leyo engumfuziselo webandla.

Kwaye uYehova uluKhozi. Wabiza abaprofeti Bakhe "amakhozi." Wazibiza ngoKwakhe, UYehova, "Ukhozi."

250 Kodwa lo khetshe kudala walahlekelwa, yinto ayiyo, kuba akasahambi emoyeni azingele inyama yakhe njengoko amelwe kukwenza. Kodwa uhleli phezu kweengcingo zemfonomfono aze enze nje ngophiphayo. U—uzingela imivundla efileyo ebulewe ziimoto, aze yena namaxhalanga baphumela apho batye kunye. Utsiba-tsiba njengexhalanga, endaweni yokuba ahambe ngendlela ebefanele ukuhamba ngayo. ulahlekelwe kukuzazi.

251 Kwaye oku ndikuthetha ngalo lonke uthando lobuthixo nentlonipho, ibandla kudala lilahlekelwe kukuzazi kwalo nje ngodade wokhozi. Uhlala phantsi phaya. Endaweni yokugrumba eLizwini uze ufumanise ukuba ezi zinto zilungile, ulinda iqela leencwadi zesikolo seCawe ezenziwe liqela leenkcuba-buchopho ndaweni ithile, umvundla othile ofileyo obulewe kwenye indawo. Utsiba njengexhalanga! UThixo makasincede sibhabhe simke kuloo nto.

Ezi zithembiso ziyinyaniso. Hayi oko wakuthethayo umntu ngaYo, koko uThixo wakuthethayo ngazo! Ziyinyani. Ndivuya kakhulu ukumanywa namakhozi.

Masibathandazele kunye abagulayo bethu.

252 Bawo ose Zulwini othandekayo, kufundiswa eBhayibhileni ukuba bathabatha emzimbeni kaPawulos, iitshefu nemibhinqo, kwaye iidemon zaphuma ebantwini, kwaye noomoya abangcolileyo baphuma kubo. Ngoku, Bawo, mna ndimi apha phezu kwezi tshefu, ndimele wonke umntu okhoyo. NguMzimba kaKristu, thina kunye. Sibanga, ngobabalo nothando, ukuba silapha ukumela Umtshakazi Wakhe, kwaye sikholwa, sizimanya naYe eBukumkanini Bakhe. Kwaye siyazi ukuba asingoPawulos oNgcwele, kodwa siyazi ukuba usenguYesu.

253 Kwaye siyathandaza ukuba Uyakuhlonipha ukholo lwaba bantu. Ukuba babephile phaya kudala ngemihla kaPawulos, ngebabeyivile le Vangeli inye, babona kwa ezo zinto. Ngoko ke, baluhlobo olufanayo lwabantu. UnguThixo okwamnye. Ke ndiyathandaza, Thixo Othandekayo, ukuba Uyakuhlonipha ukholo lwabo, njengokuba Wenzayo ngezo ntsuku zeBhayibhile. Kwaye anga onke amandla edemoni, sonke isigulo, zonke iinkxwaleko, ezibophelela abantu okokuba ezitshefu neepasile apha zimeleyo, kwanga la mandla angendawo okugula angabashiya.

254 Kwathiwa, ngaxesha lithile, okokuba uSirayeli wayehamba emgceni womsebenzi, esiya kwilizwe ledinga. Kwaye kanye kumgca womsebenzi, utshaba lweza kwaye lawaxina ekoneni, kwaye uLwandle oluBomvu lwabaqhawula emsebenzini

wabo, nasekuhambeni kwabo. Waze uThixo wakhangela phantsi esemazulwini, ngeNtsika yoMlilo, lwaze ulwandle loyika. Lwabuyisela umva amaza alo, kuba amaza kaThixo ayesezantsi kolwandle. Kwaye Lwavula indlela kubantwana Bakhe, behamba kumgca wokuthobela.

255 Ngoku, Thixo, ukuba uLwandle oluBomvu loyika, lwaqengqela umva amaza walo, lwaqengqela umva amanzi alo, kwaye lwabanika indawo abantwana abaseluhambeni, behamba ngokuthobela; Thixo Othandekayo, ngokuhlwanje, khangela ezantsi ngeGazi loNyana Wakho, uYesu, Owenza idinga. Xana ezitshefu zibekwe phezu kwemizimba yabantu egulayo, yanga amehlo kaThixo angakhangela, kwaye yanga eso sigulo, la mtyholi, angoyika kwaye emke. Kwaye banga abantu bangalugcina uhambo oluya kwiLizwe ledinga, besempilweni entle namandla. Njengoko uSirayeli wayehamba entlango, kwakungekho namnye ubuthathaka phakathi kwabo, kwelinye icala lesiphelo. Yanga inganikwa aba bantu, Bawo, ngokuba sithumela ezitshefu, eGameni likaYesu Kristu. Amen.

256 UThixo anisikelele, mntu ngamnye. Njengokuba nifumana iitshefu zenu ngoku, niyakholwa ngentliziyo yenu yonke. Uyakholwa ukuba uThixo uyakuva oku? Yabona? Ndi—ndifuna ukuthetha oku. Musa, musa ukuthandabuza, nakancinane. Yabona, isenokubonakala ingaqhelekanga ngenene. Uxolo, umzuzu nje. Musa ukuthandabuza, nakancinane. Kodwa kholwani ngoku ukuba, oko sikucelileyo, uThixo uyanika.

257 Uyakholwa ukuba nguThixo olapha, oyaziyo imfihlelo yentliziyo yakho? Uyazi kwaye uyakholwa ukuba nguThixo? Ngoku zimasa ingqondo yakho ngoku, ayinakuba yinto engeyenye. Yabona?

258 Ngoku, kungathini ukuba kungakho ingomso elikhulu, kwiminyaka eyadlulayo kudala lena iyakuba yimbali. Kwaye xana abantu, kwiminyaka ezayo, ukuba kwakuyakuba njalo, babeza kuza kwaye bathi, “Ke, ukuba bendiphila ngoko, bendiyakukubona okuya kusenziwa, nkwenkwe, koko kuphela ebekumele ndikwazi. Ngendayikholwa kwangoko!” Yabona, kwalo nto inye uyikholwayo, ukuba wawulapho emva phaya xana Wayeyenza ngoko! Khumbula, ikwanguYe. BuBomi Bakhe kuwe. uThixo akusikelele.

